



2025

IINDABA ZIKA-MASIPALA

WESITHILI
I-HARRY GWALA
UMQULU 4 | UMQUDLWANA 2



IHARRY GWALA DISTRICT MARATHON IBHIYOZELA IMINYAKA ELISHUMI

**Utyelelo
Iwe-IDP
Iwama2025**

**IHARRY GWALA
IQHUBEKA NEENZAME
ZOKUHLANGABEZANA
NOMCELI MNGENI
WAMANZI**

**UMPHATHISWA
"UXHUMA" ISIKOLO
ESISEZILALINI
KUMHLABA
WOBUXHAKAXHAKA**

**IMBIZO YENKULUMBUSO
YOKULWA NOLWAPHULO-
MTHETHO EBANJELWE
EMZIMKHULU
NGAPHANTSI
KOMASIPALA WESITHILI
IHARRY GWALA**

Ngokubambisana Siyaphuhlisa Sikhule



Harry Gwala District Municipality



@harrygwala



@harrygwala



www.harrygwalamunicipality.gov.za

SEND ME
TO BUILD THE MZANSI I WANT





IMIBONO, IINJONGO, IMINQWENO NEZICWANGCISO ZAMACEBO

Xa kufikelelwa ku2030 uMasipala weSithili iHarry Gwala District Municipality uzakube unkqenqeza phambili ngokuhambisa amanzi kuluntu kwiPhondo iKwaZulu-Natal. Uluntu luyakube lungcamla ngamandla kwezolimo nokhenketho.

ISICWANGCISO ESIQULATHIWEYO

Isebenzisana nabantu nabanye ababandakanyekayo iHarry Gwala District Municipality lyakuqinisekisa ukubonelela ngamanzi acocekileyo, aselwayo angapheliyo neendawo zogutyulo ngokunjalo enze iinzame zokuphucula amacandelo ezolimo nokhenketho ukuze Impilo nentlalo yabantu ibengehloniphekileyo inangakumbi.

ISISEKO SEMIGQALISELO ENGUNDOQO

- Ukutyhileka
- Ukubonakala Ngengxelo
- Ukusabela Izimvo
- Ukuzimisela nokunyaniseka

ISIQULATHISO

Ilizwi loMhleli	04
Amazwi Esikhokelo ka-Sodolophu	05
Amazwi kaMeneja kaMasipala	06
Ingxelo yamanzi lisebe leenkonzco zamanzi kwisiThili iHarry Gwala	07
UMasipala waseHarry Gwala iBhunga eliKhulu	08
IHarry Gwala District Marathon ibhiyozela iminyaka elishumi	10
Utyelelo lwe-IDP lwama2025	12
IHarry Gwala iqhubeka neenzame zokuhlangabezana nomceli mngeni wamanzi	14
Ingxelo epheleleyo yeprojekthi ze-MIG	16
UMasipala wesiThili iHarry Gwala usingathe ngempumelelo lsheshoni Yekomishoni Mamanina Yezicwangciso Ezicetyiweyo	18
IHarry Gwala ityelela izikolo	20
IHarry Gwala ithi ndlela-ntle kumsebenzi ozimiseleyo ngesizotha	21
Ugqithile emhlabeni omnye wabasebenzi abazimiseleyo bomasipala	22
Ibe yimpumelelo intlanganiso yolawulo lwezentlekele lweHarry Gwala	23
Ingxelo Yezentlekele	25
UMasipala wesiThili iHarry Gwala uphucula izakhono zonxibelelwano ngocweyo	26
Iqumrhu labezonxibelelwano kwisiThili (DCF) iqhubeka nokubamba iintlanganiso zekota	27
UBlade Nzimande utyelela isiThili	28
Kusungulwa iNkqubo ka-IEC yeVeki yokuFundisa ngeNtando yesiNinzi	29
Ucweyo lwezicwangciso zengcozi: Icandelo lesiThili iHarry Gwala locwangciso lohlolo lolawulo lwengcozi	30
UMphathiswa Wophuhliso Loluntu, oHloniphekileyo uMbali Shinga unikezela ngezinqinisekisi kulutsha olungama-71 kwisiThili iHarry Gwala	31
Imbizo yenkulumbuso yokulwa nolwaphulo-mthetho ebanjelwe eMzimkhulu ngaphantsi koMasipala wesiThili iHarry Gwala	32
Umphathiswa “uxhuma” isikolo esisezilalini kumhlaba wobuxhakaxhaka	33
UMasipala wesiThili iHarry Gwala usingathe imidlalo yokuqala yangaphakathi	34



UMnu uNdabezitha Tenza
Umphathi Wezokuxhumana

I-HGDM iqhubeka nokufezekisa ngokupheleleyo uxanduva lwayo kuluntu

KUNGOVUYO nentlonipho enkulu kwakhona ukunamkela kweli qonga lonxibelelwano ukunazisa ngeenkqubo neeprojekthi zikamasipala, ezibonisa ukuhanjiswa kweenkonzo okuqhubekayo. Ukuhanjiswa kweenkonzo ngundoqo kumasipala. Ndithanda ukwenza umbulelo kuni ngokusixhasa ngalo lonke ixesha, nomdla wenu kuphuhliso oluqhubekayo kwisiThili.

Utshintsho lubonakalisa impumelelo enkulu kuphuhliso olufikelekayo kuluntu lwethu, okubonakalisa uphuhliso, ukukhula kunye nokulwa. Kungoko sihlili siqinisekisa ukuba siqwalasela imiba iyohlukeneyo ukusabela izidingo zabantu.

Oku kuquka ukwenza iinkqubo zezilumkiso notyelelo, injongo kukuqaphela iintlobo ezohlukeneyo zabantu, indalo kunye nemvelaphi yamasiko.

Kulo nyaka (2025), umasipala usungule ikomiti yamasebe angaphakathi ukukhuthaza umanyano loluntu nophuhliso loluntu, ebonakalisa ukuzibophelela komasipala ukwenza indawo yokusebenza emanyeneyo nenomdla.

Sikwasingathe iHarry Gwala District Marathon, nalapho besibhiyozela iminyaka elishumi yalo msitho. Lo msitho obalulekileyo, nobanjwa rhoqo ngonyaka, ukhula ngamandla yonke iminyaka.

Ukufumana isisombululo sanaphakade semiceli mngeni yamanzi nogutyulo lwelindle, umasipala uthenge izigadla ezine zamanzi ukukhawulezisa ukuhanjiswa kweenkonzo kuluntu. Ukuhanjiswa kweenkonzo ngundoqo kwisiThili, asizukwazi ukulibazisa ngezinto esaziyo ukuba kufuneka sizenze, kuba sisithi kusekhona omnye unyaka ozayo. Ekuqaleni kukaTshazimpuzi, sibambe intlanganiso yeengxoxo noluntu lwethu ngotyalelo lwecebo lophuhliso lwentlanganisela (IDP), ngokugunyaziswa sisahluko 4 somthetho wokusebenza koomasipala. Sinxibelelane noluntu kubo bonke oomasipala basekuhlaleni kwisiThili, sikhuthaza ukungabi namfihlo ngokuthi thaca uhlahlo lwabiwo mali oluyilwayo lonyaka-mali wama2025/2026. Inani labantu abazimase iintlanganiso ze-IDP lubonakalisa ukukhula nophuhliso loluntu lwethu. Oku kubonakaliswe lizinga lokuzibandakanya koluntu lwethu kwezi ngxoxo.

Umongameli weNetball South Africa, uMme Ceilia Molokwane, utyelele isiThili iHarry Gwala ukubhiyozela iminyaka engamashumi amathathu enkululeko. Injongo ibikukuphuhlisa abadlali abancinane bebhola yomnyazi, nokukhuthaza uxanduva loluntu kubahlali, nanjengoko kusondele itumente yomhlaba yebhola yomnyazi yolutsha (Netball World Youth), nezakudlalalelwa eGibraltar,

kweyoMsintsi 2025. Njengo saziwayo umhlaba wonke kwibhola yomnyazi, utyelelo lwakhe bubungqina bokubaluleka kwalo msitho kwaye kubonakalisa ukuba isiThili sinesakho sokuveza amagxhwe kwezemidlalo, kwaye sisaveza isakhono solutsha, esizakuveza olu luntu kumhlaba wonke.

Uphuhliso lolutsha ngeenkqubo zophuhliso lwezakhono, kuhambisana nomzobo wophuhliso lwesiThili, olugxile kuphuhliso lwezakhono zoluntu, ngakumbi ulutsha olusuka kwiindawo ezingathathi ntweni, ezidinga kakhulu uphuhliso lwezakhono. Umphathiswa woPhuhliso loLuntu KwaZulu-Natal, uMbali Shinga, utyelele e-Ixopo, eSoweto Hall, ukuyonikezela ngokusesikweni ngeziqinisekisi kulutsha olungama71, oluphumelele kwiinkqubo ezohlukeneyo zophuhliso lwezakhono. UMnu. Solly Malatsi, umphathiswa wezonxibelelwano nobuchwepheshe, usungule ngokusesikweni inkqubo yamagumbi eecomputer ePholela Special School kumasipala wasekuhlaleni iDr Nkosazana Dlamini-Zuma. Injongo yale nkqubo kukwandisa amathuba okufunda ngezobuchwepheshe, nanjengoko sele silawulwa lidabi lesine lophuhliso kumhlaba wonke. Okokugqibela, uNjingalwazi Blade Nzimande, umphathiswa wezobuxhaka-xhaka nempucuko, uqhube utyelelo lwalenkqubo eBulwer. Utyelele i-Amakhuze High School kunye neDlangani High School, nalapho umphathiswa ebekhuthaza ngomdla kwezobuchwepheshe kubafundi kwizikolo ezityunjweyo.

Sibuhlungu ukwazisa ngokulahlekelwa kwethu ngabasebenzi ababini ebebezimisele kakhulu, uMnu. Mduduzi Menswert Memela kunye noMnu. Sokesimubone "Bra Socks" Memela. Ndithabatha eli thuba egameni lomasipala, ukugqithisa uvelwano olungazenzisiyo kusapho oluzilile, abahlobo kunye noogxa babafi. Izityhilelo 21:4 (kwiintsapho nabahlobo) (10) Azisule uThixo zonke iinyembezi emehlweni abo, kungabi sabakho kufa, kungabi sabakho nasijwili, nakukhala, nantlungu. Ngokuba izinto zokuqala zigqithile.

Okokugqibela, njengecandelo likarhulumente elikufutshane kakhulu noluntu, sigunyaziswe ukuzisa iinkonzo ezingundoqo kuluntu lwethu ukuphucula inkululeko yethu.

Impumelelo yethu iza ngokuphucula iimpilo zabantu bethu, ngokuhlinzeka ngeenkono ezingundoqo kumntu wonke, nangemfundo esimahla kubantu abasweleyo. Ukuhlinzeka ngeenkono, ngokwecebo leenjongo zethu, kusinika amandla okumelana nemiceli mngeni emininzi.



UNKS UNONTUTHUKO NGUBANE
UMXHUMNISI KAMASIPALA NOLUTU (PRO)



UMNU ULINDOKUHLA CHILIZA
USEKELA Mlawuli: UMCWANGCISI KWEZONXIBELELWANO KWISITHILI (GCIS)



UNKS SIBONGILE KUNENE
IGOSA LEZONXIBELELWANO



UNKS UATH'ENKOSI BAQWA
ISEKELA KWEZOKUXHUMANA



UNKS UFUNDISILE QOZA
ITHWASA KWEZOKUXHUMANA KWI-EPWP

Xa siqukumbela unyaka mali wama2024/2025 masincome ooCeba nolawulo ngenkqubela phambili yomsebenzi wokuphucula iimpilo zoluntu lwethu

BHOTANI kuni nonke bahlali boMasipala wesiThili iHarry Gwala. Ndivumeleni ndithabathe eli thuba ukunibulisa nokunibulela nokuthabatha ixesha lokufunda ushicilelo lweendaba zethu, olusisixhobo esibalulekileyo esizoba umsebenzi osele wenziwe ngumasipala ngexesha elithile.

Inyanga yenkululeko

Kwinyanga kaTshazimpuzi, uMzantsi Afrika ubhiyozele inyanga yenkululeko ukubonisa utshintsho ukusuka kumbuso wengcinezelo ukuya kwilizwe elikhululekileyo lentando yesininzi, nesikhumbuzo sokhetho lokuqala lwesininzi ngomhla wama27 kuTshazimpuzi 1994, olwazala inkululeko yethu ngokusesikweni.

Kulo nyaka inyanga yethu yenkululeko ibhiyozele ngaphantsi komxholo othi “Simanyene ngokusemandleni sikhusele inkululeko yethu nentando yesininzi.”

EMzantsi Afrika, le nkululeko esiyivuyelayo iquka iintlobo ezohlukeneyo zamalungelo namathuba, kuquka ilungelo lokukhetha umbutho wezopolitiko othanda ukubhalisa phantsi kwawo, ukuzibandakanya eluntwini nakwezoqoqosho. Akufani nakwixesha lengcinezelo, apho imali bekuyeyabantu abambalwa, kanti kolu lawulo lwentando yesininzi amathuba avulekile kumntu wonke.

Inkululeko ixela ilungelo lokwenza iziphakamiso, ukudibana ngokukhululekileyo, kwanokuzikhethela inkolo yakho ngaphandle kobandlululo. Okubalulekileyo, intando yethu yesininzi imele inkululeko yokuzibandakanya ngokukhululekileyo ukwazisa urhulumente ngezinto afanele ukuzenza egameni labahlali. Oku kunika wonke umntu isidima, kuquka ilungelo lokuvota nokuthabatha inxaxheba kukhetho, kwanokuzenzela imibutho yezopolitiko.

Ngaphezulu, oku kuthetha ukuba unelungelo lokuzikhethela ishishini, umsebenzi, izifundo, kwanokuzibandakanya kwezoqoqosho, kwaye inkululeko eMzantsi Afrika ithetha ukulingana phambi komthetho, kungakhathaliseki ukuba uloluphi uhlanga, umbala, ubuntu nezinye izibaluli.

Ukusukela ngeentsuku zokulwela amalungelo abasebenzi nawoluntu kwiminyaka yoo1800, usuku lwabasebenzi kwaba lusuku lweholide kumhlaba wonke kumazwe amaninzi ukusukela ngo1891 eMzantsi Afrika, ilizwe elinembali yalo ende yedabi labasebenzi noluntu.

Usuku lwabasebenzi

Ndithanda ukuthabatha eli thuba ukunqwenelela, hayi abaphathi besiThili kuphela, kodwa bonke abasebenzi kwilizwe lethu nakumhlaba wonke, usuku oluhle lwabasebenzi, olwakhethwa ngurhulumente wethu



USodolophu waseHarry Gwala
uCeba uZ.D Nxumalo

ukusukela ngonyaka wama1994 wokhetho lokuqala lwentando yesininzi. Olu suku lumele ukubhiyozele amalungelo abasebenzi, nokusikhumbuzo ngendima ebalulekileyo edlalwe yimibutho elwela amalungelo abasebenzi, neminye imibutho yabasebenzi ebeyinxalenye yokulwa nengcinezelo.

“

Usuku lwabasebenzi eMzantsi Afrika lunentsingiselo ebalulekileyo kwisiko lethu, nanjengoko le holide yoluntu ingaxeli kuphela ukuzinikezela okwenziwa kwindlela ende yokulwela ukuqeshwa ngokulingana, kodwa ibonisa nedabi elibuhlungu lokulwa nengcinezelo, nalapho imibutho elwela amalungelo abasebenzi idlale indima enkulu.

Usuku lwabasebenzi eMzantsi Afrika lunentsingiselo ebalulekileyo kwisiko lethu, nanjengoko le holide yoluntu ingaxeli kuphela ukuzinikezela okwenziwa kwindlela ende yokulwela ukuqeshwa ngokulingana, kodwa ibonisa nedabi elibuhlungu lokulwa nengcinezelo, nalapho imibutho elwela amalungelo abasebenzi idlale indima enkulu.

Inyanga yolutsha

Xa sibhiyozele inyanga yolutsha eMzantsi Afrika, inyanga yolutsha ibhiyozelela kwinyanga yeSilimela, usuku lolutsha kuzwelonke lona lubhiyozelela ngomhla weshumi elinesithandathu kweyeSilimela. Le, yinyanga esihlonipha ngayo indima edlawe lulutsha kwidabi lokulwela inkululeko kudashe lwaseSoweto ngo1976. Udushe lwaseSoweto lwadlala indima enkulu kwinkululeko yoMzantsi Afrika. Emva kokufumana inkululeko ngo1994, inyanga yeSilimela kunye nomhla weshumi elinesithandathu kweyeSilimela lwabekwa njengosuku lolutsha kuzwelonke.

Ukuhanjiswa kweenkonzo

Xa kusondela ukuvalwa konyaka-mali wama2024/2025, ngosuku lokugqibela lama30 kweyeSilimela 2025, ndithanda ukuncoma iBhunga kunye nabalawuli ngomsebenzi omhle abawenzileyo ukusombulula izidingo zoluntu lwethu.

Kolu shicilelo lweendaba zikamasipala kunye nawagqithileyo, sizamile ukubalula impumelelo yesiThili yokuhlangabezana nemiceli mngeni esijamelene nayo, neenzame zethu zokuphucula iimpilo zoluntu lwethu.

Ndiyazingca ngokwamkeleka kolushicilelo lweendaba zethu kwaye ndikhuthaza uluntu ukuba luqhubeke nokuzibandakanya nomasipala ngamaqonga ohlukeneyo onxibelelwano kunye namagqiza atyunjiweyo kamasipala. Ndiyabulela.

IsiThili sisingatha iseshoni ecetyiweyo, i-IDP kunye notyelelo lohlahlo lwabiwo mali kuzoba ukuphucula ukusungulwa kokuhanjiswa kweenkonzo



uMnu uGamakulu Ma-Art Sineke
uMphathi kaMasipala

NANJENGOKO sibuya kwiiholide zepasika, ndinethemba lokuba nisikelekile kwaye niphumle kamnandi, luntu lwesiThili iHarry Gwala. UMasipala wesiThili iHarry Gwala (HGDM) uphethe utyelelo lwakhe lwecebo lophuhliso lwentlanganisela (IDP) kutshanje koomasipala bethu basekuhlaleni, ugxile ekuphenduleni iinkxalabo zoluntu nokunika iingxelo zokuhanjiswa kweenkonzo kuluntu.

Utyelelo lwe-IDP, oluqale ekuqaleni ukuya ekupheleni kwenyanga kaTshazimpuzi 2025, lusinike ithuba siziinkokheli, abaphathi kunye nabalawuli bomasipala, ukuthetha noluntu, ukunika ingxelo yeempendulo zeziphakamiso zabo, izidingo, kwanokuqinisekisa ukuba siza nezisombululo ngokwezicelo zabo. Abantu nabo beze nengxelo yabo baze babhala phantsi izidingo zabo ngokoyamene nokuhanjiswa kweenkonzo, ukuze umasipala azise iso xa esenza uhlahlo lwabiwo mali.

Olu tyelelo lubalulekile njengenxalenye yokuceba uphuhliso lwentlanganisela koomasipala, ukulandela isigunyaziso somthetho wokusebenza koomasipala, 2000. Umthetho wokwakhiwa koomasipala, 117 ka1998, nawo udlala indima ukuzoba ukwakhiwa nemisebenzi yoomasipala, kuquka uxanduva lwabo ukuqinisekisa ukubandakanya koluntu kwiinkqubo zotyalelo lwe-IDP. Nanjengoko sikwikota yokugqibela yonyaka-mali wama2024/2025, isebe lethu lezezimali limaxhapheshu lilungisa nokuphonononga imithetho eyoyamene nohlahlo lwabiwo mali, ngokomthetho wokusebenza koomasipala (No. 56 of 2003), ogunyazisa ukuba:

Sikhuthaza abasebenzi bethu ukuba bawuthande umsebenzi wabo, baqinisekise ukuba basebenza ngokuzimisela. Xa siqhubela phambili, sizimisele ukwakha ikamva elingcono loluntu lwesiThili iHarry Gwala.

- 1) Umphathi masipala kufanele alungise okanye athabathe amanyathelo abalulekileyo ukuqinisekisa ukulungiselela imithetho eyoyamene nohlahlo lwabiwo mali lomasipala, okanye ukutshintshwa okubalulekileyo kwaloo mithetho, elandela imithetho ebekiweyo ukuze ayithi thaca kwiBhunga likamasipala ngosuku olubekiweyo ngusodolophu ngokwesahluko 21 (1) (b) salo mthetho.

Oku kuqinisekisa ukuba icebo lethu lezezimali lihambisana nemithetho ebekiweyo kunye nezidingo zoluntu. UMasipala wesiThili iHarry Gwala ubambe iseshoni yokuphonononga imithetho kwinyanga kaCanzibe 2025. Injongo ibikukuphucula imithetho enokuthi ihlale ixesha elide, encedisayo, ngaphandle kokujonga inzuzo yomntu. Le seshoni ibe yimpumelelo, nanjengoko imithetho iye yalungiswa kakuhle ngokwezigunyaziso zemithetho. Ukusingatha iseshoni zolu hlobo kudlala indima ebalulekileyo ukwakha ikamva lomasipala nokuqinisekisa ulawulo olusulungekileyo. Ngaphambi kokuba kubanjwe le seshoni, kubanjwe indibano yentlanganisela yokuhlola ingozi ukusukela kumhla weshumi elinesithathu kweyoKwindla 2025 ukuya kumhla weshumi elinesine kweyoKwindla 2025, nalapho bekuboniswa ngokunyuka kwengozi namacebo okunciphisa iingozi kulandelwa umqulu weengozi kamasipala.

Ikhwelo lokuthabatha amanyathelo, ukuzinikezela nokuzimisela kwabasebenzi zibalulekile ukufezekisa iinjongo neminqweno kamasipala. Sikhuthaza abasebenzi bethu ukuba bawuthande umsebenzi wabo, baqinisekise ukuba basebenza ngokuzimisela. Xa siqhubela phambili, sizimisele ukwakha ikamva elingcono loluntu lwesiThili iHarry Gwala. Siqinisekile ukuba ngokusebenzisana, singenza lukhulu kuluntu lwethu luphela.

Ndibulela inkxaso yenu enkulu kunye nentsebenziswano.

Ndiyabulela
Mnu. G. M. Sineke
UMphathi Masipala

ABAPHATHI ABAKHULU



UMNU UKHULANI
MTHEMBENI BRIAN MZIMELA
IMANEJALA KAMASIPALA
KWICANDELO LEZEZIMALI



UMNU UKULULEKO BIYASE
IMANEJALA KAMASIPALA
IINKONZO ZEZAKHIWO



UNKK UTHOBILE THELMA
THIYANE-MAGAQA
IMANEJALA KAMASIPALA
KWICANDELO LEZEMISEBENZI



UMNU ULINDUMUSA
GWALA
MLAWULI:
IINKONZO ZAMANZI

ULAWULO LWEMITHOMBO YAMANZI

SIZWE soMzantsi Afrika sisizwe esijongene nomceli mngeni wokunqongophala kwamanzi kwaye sijamelene nomceli mngeni wolawulo lwemithombo yamanzi. Le miceli mngeni inyanzelisa ukuba kulandelwe umthetho kazwelonke wamanzi, ulawulo lwentlanganisela lwemithombo yamanzi (IWRM), neendlela ezifikelelekayo zokuqinisekisa ukufunyanwa nokulondolozwa kwamanzi kwixesha elide elizayo.

Imithetho engundoqo nemizobo:

- **Umthetho kazwelonke wamanzi (NWA):**
Umthetho osisisekelo wolawulo lwemithombo yamanzi, ogxininisa ukusetyenziswa kwamanzi ngendlela elinganayo kuwo wonke umntu.
- **Izicwangciso zikazwelonke zemithombo yamanzi (NWRs):**
Inika umzobo wokukhusela, ukusebenzisa, ukuphuhlisa, ukulondoloza, nokulawula imithombo yamanzi.
- **Ulawulo lwentlanganisela lwemithombo yamanzi (IWRM):**
Ukhuthaza ukuhambisana nophuhliso nolawulo lwamanzi kunye nemithombo ehambisana nemihlaba, ukuphuhlisa uqoqosho nempilo yoluntu kwaye uqinisekisa ukulondolozwa kokusingqongileyo.
- **Umthetho weenkonzo zamanzi:**
Uqinisekisa ukuhlinzeka ngeenkonzo zamanzi nezogutyulo lwelindle.

Imiceli mngeni nemiba engundoqo:

- **Ukunqongophala kwamanzi:**
UMzantsi Afrika lilizwe elomileyo, apho iimvula zinqongopheleyo kwaye namanzi angaphantsi komhlaba mancianane, okungunobangela wokubaluleka kolawulo lwamanzi ukuqinisekisa ukuba wonke umntu ufumana amanzi ngokwaneleyo.
- **Uguqu-guquko lwemozulu:**
Ukonyuka koguqu-guquko lwemozulu, kuquka imbalela kunye nezikhukhula, kwenza inkxalabo kwimithombo yamanzi. Kufuneka kuqatshelwe uguqu-guquko lwemozulu kulawulo lwemithombo yamanzi, nanjengoko sele sivakala isandi salo kwilizwe lonke.
- **Ukukhula kwenani labantu nempucuko:**
Liyakhula inani labantu eMzantsi Afrika, oku kufake uxinzelelo kunqongophalo oluqhubekayo kwimithombo yamanzi. Impucuko kunye nemisebenzi nayo ifake uxinzelelo kakhulu kwizidingo zamanzi, okwenza ukuhlinzeka ngamanzi kungalingani nezidingo zamanzi.
- **Ulawulo olugwenxa lwezidingo zamanzi:**
Ulawulo olugwenxa lwezidingo zamanzi kunye nokurhoxa kwabaxhamli abohlukeneyo, kuquka, abezolimo,

amashishini eemveliso, iimayini, njl.njl. kongeza kunqongophalo lwamanzi.

- **Umkhethe kwiinkono:**
Ulawulo olugwenxa lweenkonzo zamanzi kuchaphazela abantu abadinga amanzi acocekileyo neenkonzo zogutyulo lwelindle.
- **Umceli mngeni wezakhiwo:**
Ukusilela kwizakhiwo zamanzi kunye nolawulo kungakhokhelela kwilahleko nokunqongophala kwamanzi. Izakhiwo ezindala nezingaphelelanga zamanzi zinomthelela kunqongophalo lwamanzi. Iindawo ezininzi noluntu zilahlekelwa ngamanzi amaninzi ngenxa yokuvuza kwamanzi, kunye nokungahanjiswa ngendlela efanelekileyo kwamanzi.

Amacebo olawulo lwemithombo yamanzi nemakwenziwe:


- **Ukulondolozwa kwamanzi nolawulo lwezidingo:**
Ukumilisela kwemithetho yokunciphisa ukusetyenziswa gwenxa kwamanzi ngokusebenzisa izixhobo eziphucukileyo, imithetho yokuhlawulelwa kwamanzi kunye neenkqubo zezilumkiso kuluntu.
- **Ulawulo lwezinga lamanzi:**
Ukukhusela imithombo yamanzi kungcoliseko nokuqinisekisa izinga lamanzi asetyenziswa kwiindawo ezohlukeneyo.
- **Ulawulo lwamanzi angaphantsi komhlaba:**
Ukutsala nokulawula amanzi angaphantsi komhlaba ukuncedisana namanzi angaphezu komhlaba.
- **Ukukhongozela amanzi emvula nokusetyenziswa kwakhona kwamanzi asele esetyenzisiwe:**
Ukufumana ezinye iindlela zemithombo yamanzi ukuphucula ukuhlinzeka ngamanzi, ukuze kunciphe ukuxhomekeka kwimithombo yendalo.
- **Ulawulo lweendawo ezifaka amanzi emithonjeni**
Ukulawula imithombo yamanzi kwiindawo apho amanzi azihambelayo engena khona emthonjeni, kuqatshelwa ukudibana kwamanzi azihambelayo nokusingqongileyo.
- **Ukubandakanya abahlawuli beenkonzo zikamasipala:**
Ukubandakanya abahlawuli abohlukeneyo beenkonzo zikamasipala kulawulo lwamanzi nakwizigqibo ukuqinisekisa ukusetyenziswa kwamanzi ngendlela elinganayo nokuwalondoloza.

Qaphela: Ungaphoswa lushicilelo lwethu olulandelayo, nalapho sizakwandisa amacebo olawulo lwemithombo yamanzi, nendima onokuthi uyidlale kulawulo lwemithombo yamanzi.


UMASIPALA WASEHARRY GWALA IBHUNGA ELIKHULU



OHLONPHEKILEYO ISEKELA-SODOLOPHU
UCEBA T.N JOJOZI



OHLONPHEKILEYO USODOLOPHU
UCEBA Z.D NXUMALO



OHLONPHEKILEYO USOMLOMO
UCEBA M.S.D MDUNGE



OHLONPHEKILEYO UMBHEXESHI OMKHULU
UCEBA N MHATU



LUNGU LE-EXCO
UCEBA S.D. BEKWA



LUNGU LE-EXCO
UCEBA K.S. DLAMINI



LUNGU LE-EXCO
UCEBA Z. TSHANGASE



UCEBA T.G. SONI



UCEBA T.S.H. GAMEDE



UCEBA S.G MKHIZE



UCEBA X. MEMELA



UCEBA Z.M. NGIDI



UCEBA N.W. DLADLA



UCEBA Z.R. TSHAZI



UCEBA P.N. DAMOYI



UCEBA P.K. MEMELA



UCEBA N. MDA



UCEBA N.R. MTSHALI



UCEBA N.H. ZACA



UCEBA N.H. MALIMELA



UCEBA H.A. LUKHOZI



UCEBA N. DLAMINI



UCEBA Z.P. DLAMINI



UCEBA H.V. MSOMI



UCEBA S.R.L. NZIMANDE



UCEBA B.R. MEMELA



UCEBA B.L. MARNCE



UCEBA B. SIBENI



UCEBA N. MATHE

AMAKHOSI



INKOSI V.V. ZIMEMA



INKOSI M.S.I. ZULU



INKOSI M.B. MJOLI



Iimbaleki zilungele umdyarho oqala eHighflats (R61) uphele eMzimkhulu TVET Esayidi College.

IHARRY GWALA DISTRICT MARATHON IBHIYOZELA IMINYAKA ELISHUMI

KUBHIYOZELWE iminyaka elishumi yeHarry Gwala District Marathon kutshanje, kumgea wokugqibela eMzimkhulu TVET eSayidi, ngethuba kuqhutywa iMarathon yalo nyaka, nekhulayo unyaka nonyaka.

Ophumelele kulo mdyarho nguSinethemba Tshangase waseMzimkhulu, othabathe inxaxheba kwi42.2km, nofumene ibhaso leR60 000 ngokuphuma phambili ngexesha elizi-02:20:48.

Ophume kwindawo yesibini nguNtsindiso Mphakathi ogqibe nge 02:21:01, waze uSphamandla Nkosi wathatha indawo yesithathu ngexesha elizi 02:21:13.

Kumdyarho wabasetyhini uphume phambili iRhox Kogo, osuka eKenya, naye ohambe nemali engamaR60 000, ngexesha elizi 02:42:11.

Indawo yesibini ithathwe nguJanet Mbhele, ohambe neR30 000, ngexesha elizi 02:49:59. Indawo yesithathu yona ithathwe nguNobukhosi Tshuma, ofumene iR15 000, ngexesha elizi 02:53:21.

Usodolophu woMasipala wesiThili iHarry Gwala, uceba Zamo Nxumalo uthe, kuyamangaza ukuthi lo mdyarho sele ugqibe iminyaka elishumi, kwaye konwabisa ngakumbi ukuthi uyakhula unyaka nonyaka.

“Andikholelwa ukuba sele sineminyaka elishumi



ngoku, kunyanzelekile ukuba siwubhiyozele lo mgama nanjengoko nalo mdyarho ukhula ngokukhula. Kuninzi ekufanele sikwenze ukuwukhulisa ngakumbi, sifikelele nakwiimbaleki ezininzi ukuze nazo zithabathe inxaxheba,” utshilo usodolophu Nxumalo.

UMasipala wesiThili iHarry Gwala usingathe iHarry Gwala Marathon ngokubambisana nomasipala wasekuhlaleni uBuhlebezwe, umasipala wasekuhlaleni uMzimkhulu, isebe lezemidlalo, ubugcisa nenkcubeko, iGenius Athletic Club kunye nabanye abahlawuli beenkonzo zikamasipala.



Umdyarho uqale eHighflats (R612) wayophela eMzimkhulu College. Iimbaleki kulo mdyarho zabelene ngemali elinganiselwa kumaR500 000.

Umphathi womdyarho uCeli Makhoba, ethetha ngalo mdyarho akasuka nawo kwasekuqaleni uthe, kuyonwabisa ukubona iimbaleki ezininzi zigijima kulo mdyarho.

“Kunyanzelekile siyibhiyozele le minyaka elishumi yeHarry Gwala District Marathon. Sizibonile iimbaleki zikhula kulo mdyarho, kwaye kumnandi ukuba yinxalenye yalo mdyarho,” utshilo umphathi walo mdyarho.

Umbhiyozo weembaleki eziphumelele kumdyarho iHarry Gwala District Marathon nabalandeli bazo. Umbhiyozo weminyaka elishumi yalo mdyarho ubukhethekile kwabo abebewuzimasile.

Iziphumo zeHarry Gwala Marathon:

Amadoda 42.2 km

1. Sinethemba Tshangase
2. Ntsindiso Mphakathi
3. Sphamandla Nkosi
4. Moeketsi Mosuhli
5. Cijimpi Molio
6. Mfundo Changwe
7. Phumlani Dlamini
8. Makwande Mngcwengi
9. Mholi Jali
10. Asisipho Joshia Maimane

Abasetyhini 42.2km

1. Rholex Kogo
2. Jenet Mbhele
3. Nobukhosi Tshuma
4. Mathanda Letsie
5. Khechane Refiloe Pascalina
6. Fikile Mbuthuma
7. Kebogile Motshabi
8. Unathi Mngcwengi
9. Zama Mokoena
10. Lines Chaka

21.1km Amadoda

1. Thabang Sekonyela
2. Nkosikhona Mhlakwana
3. Badboy Toka
4. Letlatsa Nape
5. Siboniso Sikhakhane
6. Benjamin Nyongesa
7. Tshepang Mokhethi
8. Lindelani Mjwara
9. Zukile Vellem
10. Timothy Kipkoech Kosgey

21.1km Abasetyhini

1. Andisiwe Njunga
2. Nonhle Dlamini
3. Nokuthula Ntshangase
4. Silindile Biyela
5. Nokukhanya Memela
6. Sinothile Mthiyane
7. Them belle Mjwara
8. Refiloe Karreebos
9. Siphokazi Nkababe
10. Thembisile Mnwelase

10km Amadoda

1. Tsietzi Sello
2. Semenya Nkoka
3. Teboho Noosi
4. Mphatso Nadolo
5. Simphiwe Mdakane

10km Abasetyhini

1. Nthabisengi Letokoto
2. Malineo Malolo
3. Anele Ndawonde
4. Rorisang Tlholi
5. Inganathi Ngubo

UTYELELO LWE-IDP LWAMA2025



UMasipala iGreater Kokstad unikezele ngezixhobo zezolimo kuluntu lwaseMariaskop.

UMTHETHO Wolawulo looMasipala (MSA) (Act 32 of 2000) ugunyazisa ukuba bonke oomasipala benze amacebo ophuhliso lwentlanganisela aphononongwa rhoqo ngonyaka. Isahluko 24 se (MSA) siqhuba sithi, elo cebo elenziwa ngumasipala malihambisane namacebo ophuhliso kunye nezicwangciso zabanye oomasipala namanye amasebe karhulumente, ukuze kubonakale imithetho yolawulo lwentsebenziswano ngokwesahluko 41 somthetho.

Lo mthetho uqhubeka ugunyazisa ikomiti elawulayo okanye usodolophu olawulayo womasipala, okanye, ukuba umasipala awunayo ikomiti elawulayo okanye usodolophu olawulayo, ikomiti yooceba eyonyulwe libhunga likamasipala, ngokwesahluko 29 ukuba:

- Ilawule ukwenziwa kwecebo lophuhliso lwentlanganisela likamasipala;
- Inike umphathi masipala uxanduva emsebenzini; kwaye
- Igqithise umzobo wecebo kwibhunga likamasipala ukuze livunywe libhunga.

Isahluko 26 salo mthetho omnye siqhubeka ukugunyazisa oomasipala kummba ongundoqo wecebo lophuhliso

lentlanganisela, uthi icebo lophuhliso lentlanganisela kufanele lenze okulandelayo:

- (a) Umbono webhunga lomasipala wophuhliso lwexesha elide lomasipala, kugxilwe kwizidingo ezibalulekileyo zophuhliso notshintsho lwangaphakathi;
- (b) Ukuhlolwa kwezinga lophuhliso olukhona kumasipala, ekufanele liquke uluntu olukhethiweyo oludinga iinkonzo ezingundoqo zikamasipala;
- (c) Uphuhliso olungundoqo lebhunga noxanduva leqela lalo elityunjiweyo, kuquka iinjongo zalo zophuhliso lwezoqoqosho emakhaya kunye nezidingo zotshintsho lwangaphakathi;
- (d) Amacebo ophuhliso ebhunga ekufanele ahambisane namacebo kazwelonke nawephondo, kunye nokuzibophelela kwimithetho yamacebo kukamasipala ngokomthetho;
- (e) Umzobo wophuhliso ekufanele uquke imithetho engundoqo yolawulo lokusetyenziswa kwemihlaba kumasipala
- (f) Icebo lokusebenza kwebhunga;
- (g) Amacebo alungileyo olawulo lwezentelekele;



Uluntu luze ngobuninzi balo kutyelelo lwe-IDP kwiindawo ezohlukeneyo kwisiThili.

- (h) Icebo lezezimali, ekufanele liquke uqikelelo lohlahlo-lwabiwo-mali lweminyaka emithathu elandelayo;
- (i) Izinga lomsebenzi ongundoqo kunye nexesha lomsebenzi ngokwe sahluko 41.

Isahluko 4 somthetho wokusebenza koomasipala siqhubeka sithi “umasipala kufuneka enze isiko lolawulo lomasipala elihambisana, nokumela ulawulo ngokusesikweni ngendlela yolawulo lobambisano, kungoko kufanele:

- (a) Ukhuthaze, udale amathuba wokuba uluntu luzibandakanye kwimicimbi kamasipala, kuquka:

- Amalungiselelo, ukusungulwa nokuyilwa kwecebo lophuhliso lwentlanganisela, ngokwesahluko 5 somthetho wokusebenza koomasipala.

Utyelelo lwecebo lophuhliso lwentlanganisela lonyaka-mali wama2024/25 liqale ngomhla wokuqala kuTshazimpuzi 2025. IsiThili kunye noomasipala basekuhlaleni kuquka, uMzimkhulu, iGreater Kokstad, iDr. Nkosazana Dlamini-Zuma kunye ne-Ubuhlebezwe, batyelele iholo ezohlukeneyo bethetha nabahlali, bafumana nethuba lokubuza imibuzo nokufumana ingcazelo kwimiba yokuhanjiswa kweenkonzo.



Umasipala uthenge izigadla ezine zamanzi njengesisombululo sethutyana ukuqinisekisa ukuhlinzeka ngamanzi kubahlali.

IHARRY GWALA IQHUBEKA NEENZAME ZOKUHLANGABEZANA NOMCELI MNGENI WAMANZI

IINKOKHELI zezopolitiko kunye nabalawuli boMasipala wesiThili iHarry Gwala bayaqhubeka nokuzimisela ukufumana isisombululo sanaphakade semiceli mngeni yamanzi nogutyulo lwelindle.

Oku kulandela emva kokuthengwa kwezigadla zamanzi ezine, ezizakuba sisisombululo sethutyana sokuqinisekisa ukuhlinzeka ngamanzi ngokukhawuleza kuluntu.

Lo, ngomnye wemiphumela emihle eziswe nguMasipala wesiThili iHarry Gwala kwiingxoxo zamanzi, ukuthi umasipala kufuneka aphucule iigandaganda zakhe kunye nezixhobo ngelixa kusenziwa izicwangciso zokuhlangabezana nemiceli mngeni yamanzi ngokwamacebo abo.

Isigadla ngasinye sithwala iilitha ezingama 18 000, kwaye siyakwazi ukuhambisa amanzi kwiilali ezintathu ezohlukeneyo ngosuku olunye. Abasebenzi bazakusebenza ngamaxesha ohlukeneyo, oku kuzakunceda ukunciphisa amaxesha ongezelelweyo omsebenzi, ngoba kubalulekile ukuba umasipala ulawule ukusetyenziswa kwemali nanjengoko sele kuthengwe ezizigadla.

Ngaphezu koko, umasipala uzimisele ukuhlukana nokuqesha izixhobo ngaphandle nanjengoko kugugisa iipokithi ukwenza oko.

Ukunikezelwa ngokusesikweni kwezi zigadla kuzise imincili kumalungu oluntu, nanjengoko oku kubonakalisa ukubaluleka kwezidingo zabo zokunqongophala kwamanzi.

UMphathi woMasipala wesiThili iHarry Gwala, uMnu. Gamakulu Sineke, usomlomo uceba Sibongiseni Mdunge, usihlalo weenkondo zamanzi uceba Simphiwe Bekwa kunye nabaphathi abakhulu, bebenemincili kwelithuba elibalulekileyo.

Usodolophu woMasipala wesiThili, uceba Z. D. Nxumalo uthe, olungenelelo lwethutyana aluthethi ukuba

“
Oku akuthethi ukuthi ezinye iindawo
azina miceli mngeni yamanzi, zinayo,
kodwa iyalawuleka



Bekulusuku olumnandi ngethuba usodolophu uceba Zamo Nxumalo, evavanya izigadla ezintsha ezithengwe nguMasipala wesiThili iHarry Gwala. Abalawuli bomasipala, iinkokheli zezopolitiko kunye nabasebenzi baye bangenelela ukubhiyozela ezizigadla ezintsha.

akukho zicwangciso ezenziwayo.

“Kukhona iprojekthi ezakukhusela imithombo engama35 kunye nemithombo etsala amanzi ngaphantsi komhlaba, ukuqinisekisa ukuba abantu bafumana amanzi acocekileyo,” utshilo uceba Nxumalo. Ukwathe, ukuthengwa kwezi zigadla zamanzi yinxalenye yezisombululo zeengxoxo zamanzi (Water Indaba).

Uceba Nxumalo ubongoze uluntu ukuba luxelele nokuba yeyiphi na indlela egwenxa ekusetyenziswa ngayo ezi zigadla, uthe, bazakulumkisa noomasipala basekuhlaleni ukuba nabo baxelele nayiphi na indlela egwenxa ekusetyenziswa ngayo ezi zigadla.

Uthe umbono wabo kukuthi wonke umntu afumane amanzi. Ngumsebenzi kamasipala ukuqinisekisa ukuba

wonke umntu ufumane amanzi acocekileyo, kunye neenkonzo zogutyulo lwelindle, nanjengoko lo masipala ingumasipala wegunya leenkonzo zamanzi (WSA) kunye nomhlinzeki weenkonzo zamanzi (WSP) kwisiThili iHarry Gwala.

Ezi zigadla ezine zabiwe kwiindawo apho amanzi enqongophele kakhulu. “Oku akuthethi ukuthi ezinye iindawo azina miceli mngeni yamanzi, zinayo, kodwa iyalawuleka,” utshilo uceba Nxumalo.

Izigadla zabelwe oomasipala basekuhlaleni uMzimkhulu, Dr. Nkosazana Dlamini-Zuma kunye noBuhlebezwe.

Ixabiso lezi zigadla ezine libalelwa kwiR11 732 891,79.

IZIKO LEENKONZO ZAMANZI IGREATER MNQUMENI IZIGABA 5 NO6 (AFA) MIS467168 UKUPHUCULWA KWEZIKO LOKUCOCA AMANZI IGREATER MNQUMENI KUNYE NEZITISHI ZOKUPHEHLA

Inombolo yesivumelwano: **HGDM 769/HGDM/2021** | Umhla wengxelo: **7 kuTshazimpuzi 2025**

INGCAZELO YEPROJEKTHI

Igama leProjekthi: **IZIKO LEENKONZO ZAMANZI IGREATER MNQUMENI IZIGABA 5 NO6 (AFA) MIS467168 UMSEBENZI WOKUTSALWA KWAMANZI EMNQUMENI, ISIXHOBOKUPHEHLA NOKONYUSWA KODONGA: EZENDLELA, EZOOMATSHINI KUNYE NEZOMBANE**

Inombolo yokubhaliswa yeProjekthi: **2021MIGFDC43418415**

Inombolo ye-MIG-MIS: **MIS467168**

Indawo yeProjekthi: **Amanani: Lat-S 30° 27' 21.18" Long-E 30° 00' 40.48"**
Umasipala wasekuhlaleni: uMzimkhulu LM, WARD 12, 13, 14, 16

Uhlobo lweProjekthi: **iProjekthi yaManzi**

Inxaso ye-MIG (NOR): **R 92 838 948.29**

Ixabiso leProjekthi: **R 84 424 325.28**

Imali echithiweyo kwiminyaka egqithileyo (ehleliweyo nengahlelwanga): **R 59 169 597.74**

Imali echithiweyo kulo nyaka-mali wama 2024/2025 (ehleliweyo nengahlelwanga): **R 11 570 378.44**

Imali echithiweyo kule nyanga (ngokwe sicelo sentlawulo esifakiweyo): **Mabona Civils (IPC19): R776 765.96 incl. VAT**

ECA Consulting: R 0.00 incl. VAT

Iyonke: R 776 765.96 incl. VAT

Intlawulo engakakhutshwa (ukufikelela kulenyanga): **Mabona Civils: R 1 400 00.00 incl. VAT**

Intsha/lyalungiswa/lyaphuculwa: **Intsha**

Igama leNgcaphephe: **ECA Consulting**

Igama likaNokhontlakhi: **Mabona Civils and Plant Hire**

Umhla ocetyiweyo (Unokhontlakhi usesizeni): **12 EyeDwarha 2022**

Umhla wokuqalisa: **13 EyeDwarha 2022**

Ukutyunjwa kwengcaphephe: **6 EyeKhala 2022**

Umhla wokubekwa kwesiza: **13 EyeDwarha 2022**

Umhla ocetyiweyo wokugqiba: 19 EyeKhala 2023

Ukulibaziseka (Nika ingxelo): **Imvula, imozulu embi, EDTA, ukulibaziseka ukufikelela kwiindawo ezibalulekileyo zokusebenza, imisebenzi eyongezelelweyo**

Ixesha elongezelelweyo: **Iintsuku ezingama-966**

Umhla ophononongiweyo wokugqiba: **5 EyeSilimela 2025**

Izohlwayo zeProjekthi: **Iintsuku 0 @ R3000ngosuku = R0.00**

Umhla olindelekileyo wokugqiba: **5 EyeSilimela 2025**

UMSEBENZI WEPROJEKTHI


Umsebenzi ozakwenziwa uquka okulandelayo:

- Ukwakha inkampu yesiza sikanokhontlakhi nezixhobo zokwaka kwisiza, nokuchitha zonke izakhiwo zesiza emva kokuphela kwesivumelwano.
- Umsebenzi wethutyana ngelixa kusokhiwa isakhwiwo sokutsala amanzi.
- Ukumiliselwa kweentsimbi ezibamba ilitye lomgangangatho.
- Ukwakhiwa kwesakhiwo esiphakamileyo sesamente sokutsala amanzi esingu-11m ukuphakama kunye nebhutorho yokuwela.
- Ukwakhiwa kwesakhiwo sesitishi sokuphehla ngezitena nesamente kwisakhwiwo esiphakamileyo sokutsala amanzi.
- Ukuthengwa nokuziswa kwezixhobo zonke zokuphehla kwisiza, imibhobho kunye nezinye izixhobo.
- Ukufakelwa kwezixhobo zonke zokuphehla, imibhobho kunye nezinye izixhobo.
- Ukuthengwa nokuziswa kwisiza umbhobho oyi-515m yama 355mm PN 12.5 PE100 HDPe.
- Ukususa ikhula nemithi ecaleni kwendlela nalapho kuzakuhamba khona imizila yemibhobho.
- Ukugrunjwa kwemingxuma yomzila wemibhobho oyi-515m.
- Ukufakwa nokondwalwa, ukuxhunywa, ukondlalela, ukuhlolwa nokucocwa komzila wemibhobho eyi-355mm ukuvuleka, 515m ubude.
- Ukwakhiwa kwamagunjana evaluva, ivaluva yomoya, nevaluva ehluza amanzi amdaka
- Ukwakhiwa komgwaqo oyi-180m ubude, 3.5m ukuvuleka.
- Ukwakhiwa kodonga oluvalayo.
- Ukudilizwa komsebenzi wokutsala amanzi omdala.
- Ukuqokelwa kwezixhobo ebezigciniwe kwilitye elidala ngaphakathi kwesakhiwo esidala ukuze sizetyenziswe kwakhona.
- Ukuphuculwa nokulungiswa kweziko elidala lokucoca.
- Ukuphuculwa nokulungiswa kwezitishi eziphakamileyo zokuphehla ezindala.
- Ukuphuculwa nokulungiswa kodonga oluphakamileyo oludala.
- Ukuphuculwa nokulungiswa kwetanki eliqinileyo tesamente elidala.
- Ukulungiswa komsebenzi wonke owenziweyo kwiinyanga ezilishumi nambini emva kokukhutshwa kwesiqinisekisi sokugqiba.

Le projekthi sele izakugqitywa.

GREATER MNQUMENI WATER SUPPLY SCHEME PHASE 5 AND 6 (AFA) MIS467168

Gabion Location: **30°27'20.05"S 30°00'40.93"E**



IZIKO LEENKONZO ZAMANZI IGREATER MNQUMENI IZIGABA 5 NO6 (AFA) MIS467168 UKUPHUCULWA KWEZIKO LOKUCOCA AMANZI IGREATER MNQUMENI KUNYE NEZITISHI ZOKUPHEHLA

Inombolo yesivumelwano: **HGDM 769/HGDM/2021** | Umhla wengxelo: **7 April 2025**

INGCAZELO YEPROJEKTHI

Igama leprojekthi: **IZIKO LEENKONZO ZAMANZI IGREATER MNQUMENI IZIGABA 5 NO6 (AFA) MIS467168**

UKUTSALWA KWAMANZI EMITHONJENI, ISIXHOBHO SOKUPHEHLA NOKONYUSWA KODONGA: IMIZILA, OOMATSHINI KUNYE NOMBANE.

Inombolo-mbhaliso yeProjekthi : **2021MIGFDC43418415**

Inombolo ye-MIG-MIS: **MIS467168**

Indawo yeProjekthi: **Izibalo: Ukuxwesa S-30° 27' 21.18" Ubude-E 30° 00' 40.48"**

Umasipala wasekuhlaleni: uMzimkhulu LM, WARD 12, 13, 14, 16

Uhlobo lweProjekthi: **IProjekthi yaManzi**

Inkxaso ye-MIG (NOR): **R 92 838 948.29**

Ixabiso leProjekthi: **R 84 424 325.28**

Imali echithiweyo kwiminyaka egqithileyo (ehleliweyo nengahlelwanga): **R 59 169 597.74**

Imali echithiweyo kulo nyaka-mali wama 2024/2025 FY (ehleliweyo nengahlelwanga): **R 11 570 378.44**

Imali echithiweyo kule nyanga (ngokwe sicelo sentlawulo esifakiweyo): **Aquaplan: R490 881.12 incl. VAT**

ECA Consulting: R 0.00 incl. VAT

Iyonke: R 776 765.96 incl. VAT

Intlawulo engakakhutshwa (ukufikelela kulenyanga): **Aquaplan: R1 237 373.72 incl. VAT**

Intsha/Iyalungiswa/Iyaphuculwa: **Intsha**

Igama leNgcaphephe: **ECA Consulting**

Igama likaNokhontilakhi: **AquaPlan SA**

Umhla ocetyiweyo (Unokhontilakhi usesizeni): **26 EyeDwarha 2022**

Umhla wokuqalisa: **27 EyeDwarha 2022**

Ukutyunjwa kwengcaphephe: **6 EyeKhala 2022**

Umhla wokubeka isiza: **31 EyoMqungu 2023**

Umhla ocetyiweyo wokugqiba: **26 EyeDwarha 2023**

Ukulibaziseka (Nika ingxelo): **Ukulityaziswa kokusingqongileyo + utshintsho lwemozulu + Imisebenzi eyongezelelweyo**

Ixesha elongezolelweyo: **Iintsuku ezingama336**

Umhla ophononongiweyo wokugqiba: **26 EyoMsintsi 2024**

Umhla olindelekileyo wokugqiba: **24 EyeKhala 2024**

Umhla wokunikezela ngokupheleleyo: **14 EyeNkanga 2024**

Ixesha lokulungisa undonakele: **14 EyeNkanga 2024 till 14 EyeNkanga 2025**

UMSEBENZI WEPROJEKTHI

Umsebenzi ozakwenziwa kwesi sivumelwano uzadibanisa izivumelwano zemizila, imitshini kunye nombane. Unokhontilakhi omkhulu uzakuba ngoweendlela kunye/okanye owemitshini, yena aqashe oonokhontilakhi bakhe abancedisayo oweendlela kunye/okanye nowoomatshini kunye nowombane.

Umsebenzi ngaphantsi kwesi sivumelwano uquka, umzobo opheleleyo, imiqulu yomsebenzi kunye nokuthengwa kwazo zonke izixhobo, oomitshini nezixhobo zokuyisebenzisa, izixhobo zokukala, iintambo nazo zonke izixhobo ezifuneka kwisitishi ngasinye, abasebenzi, izixhobo, izigadla, ukuhlola, izithuthi, amanzi, umoya ocindezelweyo, umbane kunye nayo yonke into ebalulekileyo edingekayo ukusebenza nokugqiba umsebenzi, ukuqhuba wonke umsebenzi ngexesha lesivumelwano, konke ngendlela echaziweyo kokulindelwe ngumqeshi ngoku nasemveni koko.

Amanzi akwada azakutsalwa kumfula i-Ibisi ukuya kwidama elidala kwiziko lokucoca. Eli ziko elitsha lizakufumana amanzi kwidama elidala. Amanzi okugqibela acocokileyo azakuginwa kwitanki eligcina amanzi elidala.

Eli ziko elicetyiweyo lokucoca amanzi lizakuba kwisakhiwo esikhethekileyo. Eli ziko lokucoca amanzi lizakuba nokulandelayo:

- Ukuhambisa amanzi akwada ukusuka emthonjeni wamanzi ukuyongena kwi sinki efakwa izicoci
- Ukufakwa kwezicoci eziquka ichlorine, coagulants kunye nezixhobo ezincedisa ukucoca.
- Ukuzinziswa kwe-Lime
- Ukulungiselela amatanki ukufaka izicoci
- Ukuxutywa kwezicoci namanzi akwada
- Ukuxuba kancinci-kancinci kwisitya esikhethekileyo/isithuba/umbhobho onamajiko-jiko ukuya kwisikhanyisi esohlula amanzi acocokileyo kwawamdaka
- Ukukhanyiswa kwamanzi anezicoci kwizikhanyisi ezohlukeneyo
- Ukugcinwa kwamanzi akhanyayo kwidama elikhanyayo
- Ukuphehlwa kwamanzi akhanyayo ukuya kwizihluzo
- Ukuhluzwa ngesanti kwamanzi akhanyayo kwizihluzo
- Ukugcinwa kwamanzi ahluziweyo kwidama elikhanyayo
- Ukucocwa kwezihluzo nokuzomisa
- Ukucocwa kweentshlongwane emanzi afakwe izicoci nokufaka izicoci kwizixhobo
- Ukuphehla amanzi okugqibela ukuya kumatanki ogcino
- Ukuhlanjwa kwamanzi ashiyekileyo (udaka, ukuphindwa-phindwa noku hlambisa amanzi)

Amanzi okugqibela acociweyo azakufakwa izibulali zintsholongwane ngerhasi ye-chlorine, asuswe kwitanki lokugcina elihluzayo ukuya kumatanki ogcino amadala, ukuze agqithiselwe eluntwini. Umsebenzi wokuphucula iziko lokuphehla uquka:

- Ukuphuculwa komthamo wamaziko okuphehla, kuquka ukulungiswa apho kukhona isidongo


Iprojekthi sele izakugqitywa.

**IZIKO LEENKONZO ZAMANZI
IGREATER MNQUMENI IZIGABA 5 6
(AFA) MIS467168
Indawo: 30°27'21.11"S 30°00'49.78"E**






UMASIPALA WESITHILI IHARRY GWALA USINGATHE NGEMPUMELELO ISESHONI YEKOMISHONI YAMANINA YEZICWANGCISO EZICETIWEYO



UMASIPALA wesiThili iHarry Gwala usingathe ngempumelelo iseshoni entsuku-mbini yekomishoni yamanina yezicwangciso ezicetyiweyo, eqale ngomhla we17 kweyoMdumba 2025, yaphela nge18 kweyoMdumba 2025. Umxholo walo nyaka “Uhlahlo lwabiwo mali ngokoyamene nesini,” ubugxile ekukhuthazeni ukungabandlululani ngokwesini, nalapho bekujongwe izidingo zabasetyhini nohlahlo lwabiwo mali olukhuthaza ukulingana. Le seshoni yezicwangciso ezicetyiweyo ijonge umgama ohanjwe yikomishoni yamanina kubo bonke oomasipala basekuhlaleni, kwaze kwabanjwa ingxoxo ngamacebo okuphuhlisa umsebenzi weeKomishoni kuphuhliso labasetyhini kwisiThili sonke. Usomlomo wesiThili iHarry Gwala uceba Sibongiseni Mdunge, esenza intetho yokwamkela, ugxininise ukubaluleka kwendima edlalwa ngabasetyhini kwezoqoqosho, nokubaluleka kwelizwi labo kuhlahlo lwabiwo mali lweenkqubo zabasetyhini. Usihlalo weKomishoni yaBasetyhini, uceba Z. P. Dlamini, ugxininise ukuba utshintsho olubhetele lungaphuma kwiiKomishoni ezifana nezi. Imiba ephambili ekuxoxwe ngayo kule seshoni iquka:

- Uhlahlo lwabiwo mali ngokoyamene nesini
- Iinkqubo zokuhlukunyezwa ngokwesini kunye nophuhliso lwabasetyhini
- Ukubandakanywa kwabasetyhini kwezoqoqosho eziphambili kwi-LED.
- Injongo ze-EPWP.
- Uphuhliso lweenkokheli zabasetyhini.

IKomishoni yaBasetyhini yikomiti yesahluko 79(a), exela ngqo kwiBhunga. Le komiti iyasebenza, idibana rhoqo ngekota, kwaye inohlahlo lwabiwo mali rhoqo ngonyakamali. Le komiti inooceba basetyhini abalishumi nantathu, intloko yesebe (HOD) yasetyhini, ibambela HOD elinye, umphathi wezemisebenzi, ibambela CFO, abaphathi abakhulu basetyhini kunye negosa le-Arhente Yophuhliso yaseHarry Gwala. Injongo enkulu yeKomishoni Yabasetyhini kukuphucula ukubandakanywa kwabasetyhini kubunkokheli nezithuba ezibalulekileyo kulawulo lwasemakhaya, iingxoxo zokulingana ngokwesini kulawulo lwasemakhaya, nokuxhobisa iinkokheli zezopolitiko zasetyhini ukuba zikhuthaze amanye amanina kwiiwadi zabo nasekuhlaleni. Le komishoni ifuna ukwenza iikomiti ezisebenza ngokupheleleyo zesahluko 79(a) kubo bonke oomasipala basekuhlaleni ngaphantsi kwesiThili iHarry Gwala.



IHARRY GWALA ITYELELA IZIKOLO

UMasipala wesiThili iHarry Gwala uqhuba inkqubo yokubuyela esikolweni yama2025



Abafundi ezikolweni banikezwe izipho zezixhobo zobuxhaka-xhaka ukuze baphucule imfundo yabo.

ABAPHATHI besiThili iHarry Gwala bathabathe inxaxheba kwinkqubo yokubuyela esikolweni, kwizikolo iMavangana High School eMashakeni eLufafa, kunye neSizisizwe High School eSpringville, ngaphantsi komasipala wasekuhlaleni uBuhlebezwe, ukuqinisekisa ukusebenza kwezi zikolo. Injongo yale nkqubo ibikukuphuhlisa ulutsha ngobuxhakaxhaka bale mihla, kwanokukhuthaza abafundi basezilalini ukwenza ngcono kwezemfundo nokucinga ngaphaya kweendawo abazalelwe kuzo. Ngenxa yobunkokheli bukasodolophu woMasipala wesiThili iHarry Gwala, uceba Zamo Nxumalo, abafundi bezi zikolo bafumene izipho zezixhobo zobuchwepheshe, izibali manani, idiaries, iidyasi zase-Lab kunye nezipho zokuthenga kubantwana abafanelekileyo. Isithethi sebhunga, uceba Sibongiseni Mdunge, uthethe nabafundi ngeenkqubo zikarhulumente ezifana nenkxaso yokufunda kubafundi abaphume emagqabini.

Usomlomo ukhuthaze abafundi ukuba bayithande imfundo yabo, bahloniphe ootitshala, kwaye basebenzise amaqonga obuxhakaxhaka ukuziphuhlisa nanjengoko “siphila kwidabi lesine lemisebenzi (4IR), apho sele kuphilwa ngempucuko yobuxhakaxhaka.” Xa uqale kakuhle unyaka, isikolo ngasinye sinethuba lokuba nonyaka oneziqhamo ezintle nempumelelo.

Abaphathi besiThili bakhuthaze abaxhasi besikolo ukuba baqhubeke nokuzinikezela kumisebenzi wabo onzima, wagxininisa ukubaluleka kwemfundo, ekwakhuthaza abafundi bebanga leshumi lama2025 ukuba bazimisele kwaye benze ngcono kunabafundi bonyaka ogqithileyo. Kwezi ngxoxo kuvele imiceli mngeni yasekuhlaleni namasiko, ezidlale indima enkulu kwiziphumo zama2024 kwezi zikolo. Inqununu, amalungu e-SMT neSGB bachaze ukuba bajamelene nemiceli mngeni kwaye bacela izisombululo kumasipala nesebe lezemfundo.



IHARRY GWALA ITI NDLELA-NTLE KUMSEBENZI OZIMISELEYO NGESIZOTHA



Ixesha elibuhlungu ngethuba oogxa baka 'Bra Socks', abahlobo kunye nosapho besabelana ngeenkumbulo zexesha abalichithe naye.

UMASIPALA wesiThili iHarry Gwala wenze inkonzo yesikhumbuzo ezolileyo yobomi bomsebenzi obezimisele uMnu. Sokesimubone Memela.

Lo msebenzi, obesaziwa ngegama elingu “Bra Socks” uchazwe njengomnye wabasebenzi abothobekileyo, kwaye ukusweleka kwakhe kushiye umngxuma omkhulu, nanjengoko esebenze kwicandelo lezimali likamasipala iminyaka engama21.

UMnu. Memela, owayenxiba kakuhle, ecocekile kwaye ezinikezele emsebenzini wakhe, usutywe kukufa emva kwengulo emfutshane.

Iinkumbulo ezibuhlungu kunye nentlungu akayishiye ngasemva ivakele kubasebenzi boMasipala, usapho kunye nabahlobo bakhe kwinkonzo yesikhumbuzo sakhe, nalapho bekuthethwa kamnandi ngaye ngabaphathi, oogxa bakhe, abahlobo kunye nosapho lwakhe.

Le nkonzo yesikhumbuzo ibibanjelwe eFairview Hall e-Ixopo. Ebesebenza kwaMasipala njenge Senior Store Clerk kwi-ofisi yezezimali.

Ingqonyela yecandelo lezimali kuMasipala uMnu. Mthembeni Mzimela ebemele uMasipala kule nkonzo yesikhumbuzo. Uqale ngokwenza umbulelo kusapho lakwaMemela ngokubanika ithuba lokusebenza

nongasekhoyo uMnu. Memela.

UMnu. Mzimela uthe, kuliwonga kuye ukudibana noMnu. Sokesimubone Memela.

Umlawuli oyintloko wecandelo labasebenzi uNksz. Nosaziso Sikhosane, evala incwadi yomsebenzi yalo msebenzi (uMnu. Memela) ufunde isicatshulwa esithi: “Ukufa kuthabatha umzimba, uThixo uthabatha umphefumlo. Iingqondo zethu zishiyeka neenkumbulo. Iintliziyo zethu zigcina uthando. Ukholo lwethu lusazisa ukuba sizakuphinde sibonane – asaziwa.”

Ethethela usapho, umfo wabo uMnu. Sakhile Memela wenze umbulelo kumasipala ngokwenza inkonzo yesikhumbuzo efanele iNkosi. “Silusapho, sithanda ukwenza umbulelo ngale nkonzo yesikhumbuzo kamfo wethu, efanele iNkosi. Ebeluthanda usapho lwakhe, kwaye ewuthanda nomsebenzi wakhe,” kutsho uSakhile. Uqhubeke wathi, kuyabonakala ukuba uMasipala nawo ubumthanda ubhuti wakhe.

“Ubanengxaki xa ungevani nabantu osebenza nabo nanjengoko ixesha elininzi ulichitha nabo kunasekhaya. Uthando lwenu nemfudumalo yenu siyiva kakhulu ngelixesha elinzima kusapho lwethu. Ubhuti wam ebeyinto yonke kusapho lwethu. Siyayiva indawo yokungabikho kwakhe,” utshilo uSakhile.

UGQITHILE EMHLABENI OMNYE WABASEBENZI ABAZIMISELEYO BOMASIPALA



Usapho, abahlobo kunye noogxa baka Cde 'Mdu' Memela bedibene ukuzothi ndlela-ntle.

KUSWELEKE kwakhona omnye umsebenzi kamasipala ozimiseleyo, ozinikezeleyo kumsebenzi wakhe, uMduduzi Memela, nobesaziwa ngesiteketiso esithi “Mdu.”

Lo msebenzi jikelele ngaphantsi koMasipala wesiThili iHarry Gwala, nobesebenza kwii-ofisi ezikumasipala wasekuhlaleni iDr. Nkosazana Dlamini-Zuma, uye wasishiya ngomhla wesixhenxe kweyoMdumba 2025.

UMnu. Memela, owazalwa ngomhla wama 25 kuTshazimpuzi 1975, uzakukhunjulwa ngekhono lakhe elohlukileyo kuquka, ukukhawuleza ukufunda izinto, umntu onoxolo, nomntu obesoloko ejonga ngaphaya kwayo nantoni na, kodwa ebewenza ngendlela elungileyo umsebenzi wakhe.

Inkonzo yesikhumbuzo, ebibanjelwe Etafuleni Hall KwaPhini, ibizimaswe ngoogxa bakhe, usapho kunye nabahlobo, beze kumhlonipha okokugqibela.

Uceba Bhekithemba Khathi wakwa Ward 9, wamkele wonke umntu esazisa ngokulahlekelwa kwabo kukusweleka kukaMnu. Memela, okudibanise uluntu kunye nomapasila ukuzogxwala emswaneni nokukhumbula umfi.

UMnu. Zwelikayise Hlengwa, ongumphathi wengingqi kwezi ofisi ze-NDZ, uchaze intlungu yakhe neenkumbulo ezimnandi nanjengoko esebenze noMnu. Memela iminyaka esixhenxe kulo masipala.

Ubhuti omdala kaMnu. Memela, uMnu. Sifiso Memela, naye uhloniphe ubhuti wakhe, emchaza njengomntu wokwazi, ongazange abambeke mntu isixhiba okanye alwe. Inkonzo yomngcwabo kaMnu. Memela iye yaqhutyelwa Embhulelweni. UMasipala wesiThili iHarry Gwala uqhubeka nokugqithisa uvelwano kusapho nabahlobo bakaMnu. Memela ngeli xesha elinzima kangaka.



Iziko lolawulo lwezentlekele luthi “yonke imihla ibalulekile, yiba semandleni namhlanje.”

IBE YIMPUMELELO INTLANGANISO YOLAWULO LWEZENTLEKELE LWEHARRY GWALA

KUTSHANJE uMasipala wesiThili iHarry Gwala usingathe ingxoxo ngaphantsi komxholo othi “YONKE IMIHLA IBALULEKILE, YIBA SEMANDLENI NAMHLANJE,” e-Amble Inn Hotel e-Ixopo. Le Indaba, ebibanjwe liZiko loLawulo lweZentlekele lesiThili iHarry Gwala, uLawulo lweZentlekele lweSebe loLawulo lwentsebenziswano neMicimbi yeSintu kunye noLawulo lweZentlekele kuZwelonke, badibanise iingcaphephe zolwawulo, iingcaphephe zeenkonzo zentlekele, amagqiza emibutho yabucala, amacandelo amasebe, iingcali zohlolo kunye nezinye iinkokheli.


Esenza intetho yakhe kule Indaba, usodolophu woMasipala wesiThili iHarry Gwala uceba Zamo Nxumalo uthe: “Ndiziva ndihloniphekile ukuba yinxalenye yale Indaba, nanjengoko inika ithuba lokudibana neentlobo ngeentlobo zeengcaphephe, ukuthetha ngalo mmba obalulekileyo ezijamelene nawo kwiPhondo iKwaZulu-Natal. Silulawulo lwasemakhaya, sinyanzelwa yimeko yemozulu engaqondakali, nanjengoko kwenzekile kwiminyaka embalwa egqithileyo, ukuba siqinise ulwazi lolawulo lwasekuhlaleni ngolawulo lwengozi yezentlekele. Eli liqonga elihle lokuveza imibono yokuzinzisa izehlo zentlekele, nokwabelana ngeziphakamiso ezizakusindisa ubomi boluntu lwethu. Ulawulo lwezentlekele luxanduva lomntu wonke.”

Injongo yokusingatha le-Indaba yoLawulo lweZentlekele kukumema iingcaphephe zemiba eyohlukeneyo ukudibana nokuxoxa ngamacebo anokwenziwa kwiintlekele, ngaphantsi komxholo wama2025 othi: “Yonke imihla ibalulekile, yiba semandleni namhlanje.”

Kule Indaba, kuthiwe isebe, likwizinga eliphezulu lokusabela kwezentlekele kwilixa elizayo, nokuba ngumlilo, izikhukhula, okanye nasiphi na isehlo sentlekele ezinokubeka ubomi boluntu kwingozi. Kwixesha eligqithileyo, nakwelixesha, iphondo lithwaxwe kakhulu ziintlekele ezithwaxe ilizwe, kwaye le Indaba bekuyintlanganiso yoongqondo-ngqondo abazakufumana isisombululo ukuze, nanini na xa kusehla intlekele, yonke into ibe ime bume ukuyinqanda okanye ukuncedisa. Imiboniso eyenziwe ngabaxhasi abohlukeneyo ibonakalise ukubaluleka kwezixhobo ezilumkisa ngethuba, ukunciphisa ingozi, kunye nokuba semandleni.

Enye into ebalulekileyo ecetyiweyo, kukuphuhlisa ulawulo lwasemakhaya ukuze luhambise iinkonzo ezibalulekileyo nokusabela ngokupheleleyo kwiintlekele. Kuthethwe nangeendlela zokuxela izehlo, nendlela ulwazi kunye nonxibelelwano ezancedisa ngayo ukuqinisekisa intsebenziswano nokukhawuleza ukusabela kwizehlo.

Le Indaba idibanise umbono wolawulo lwasemakhaya kuphononongo oluqhubayo lolawulo lwezentlekele, kunye nengxelo yemiceli mngeni isiThili esijamelene nayo. Ukufika kwexesha leemvula, kuthetha ukufika kwezikhukhula kwilizwe, nalapho iintlekele zisanda, nokubeka ubomi boluntu engozini imihla nemihla. Nangona iingcaphephe zolawulo lwezentlekele zisebenza ngokuzimisela ukunciphisa iingozi nokusabela ngethuba, abantu balahlekelwa bubomi, izakhiwo ziyonakala kwaye neenkonzo ziyaphazamiseka. Ukubuyisela izinto kwisimo ebezikuso kunye nokulungisa izakhiwo ezonakeleyo, ngumceli mngeni ngenxa yesimo soluntu esibalulekileyo kunye ngeengxaki kwezoqoqosho. Umthwalo wesimo sikazwelonke nawo awulawuleki ngokuhamba kwexesha.



INGXELO YEZENTLEKELE

KWINYANGA yoMdumba 2025, uMasipala wesiThili iHarry Gwala uhlaselwe sisichotho, iimvula ezimandla, umoya obhudla ngamandla, ukutsha kwezakhiwo, ukutshona emanzini kunye nemibane yezulu, nezichaphazele oomasipala basekuhlaleni bobane kwisiThili.

Angama74 amakhaya achaphazelekileyo, angama34 atshabalala, ngelixa amakhaya angama43 efumene isiqingatha somonzakalo. Kula makhaya achaphazelekileyo, kuchaphazeleke abantu abangama417, abaphuma kumakhaya alishumi nesithandathu, nabashiyeke bengenandawo zokufihla intloko. Ngexesha lombiko nasemva kohlolo lomonakalo, kuqinisekisiwe ukuba akukho mntu oswelekileyo okanye olimeleyo.

Kumasipala wasekuhlaleni Umzimkhulu, kubekhona isehlo sokutshona komntu emfuleni, ngomhla wesibini kweyoMdumba 2025 ngelixesha elinye. Kwesinye isehlakalo esingoyamananga nezintlekele, abantu abathathu baphulukene nobomi babo ngethuba



Umfanekiso obonisa ukutsha kwezakhiwo kuMasipala iGreater Kokstad nakuMasipala wasekuhlaleni uMzimkhulu.

besenza umsebenzi wokuhlanjwa kumfula iNgwagwane Esidikideni, kwawadi 2 eMzimkhulu. Kamva imizimba yabo iye yafumaneka, baze abenkonzo yesipolisa yoMzantsi Afrika (SAPS) bangqina ukuba baswelekile.

IZEHLO EZENZEKE KWEYOKWINDLA 2025

Kwinyanga yoKwindla 2025, uMasipala wesiThili iHarry Gwala wehlelewe zizehlo ezimbi ezoyamene nemozulu, kuquka iimvula ezimandla, umoya ovuthuza ngamandla, ukutsha kwezakhiwo, ukutshona emanzini kunye nokubetha kwemibane. Ezi zehlo zichaphazele bonke oomasipala basekuhlaleni kwisiThili: iDr. Nkosazana Dlamini-Zuma, iGreater Kokstad, uMzimkhulu, no Ubuhlebezwe.

Ngomhla weshumi nanye kweyoKwindla 2025, iNkonzo yeMozulu yoMzantsi Afrika (SAWS) ikhuphe isigaba 2 sesilumkiso semozulu embi, ukusuka ngo 00:00 ngomhla we13 kweyoKwindla 2025. Injongo yesi silumkiso kukukhusela uluntu, nanjengoko uqikelelo lwalemozulu lubeka ubomi babantu engozini, ukonakaliswa kwezakhiwo nezinye iingozi ezihambelana

nayo ezinokuthi zenzeke.

Ukusabela, iziko lephondo lolawulo lwezentlekele (PDMC) luqale iziko lokusebenza lentlanganisela ngo 08:00 ngomhla weshumi nambini kweyoKwindla 2025. Kukhutshwe izilumkiso koomasipala basekuhlaleni nabaxhasi abafanelekileyo, nalapho amaqela eenkonzo ezikhawulezileyo aye ema bume.

Angama-120 amakhaya achaphazelekileyo, nalapho kutshabalele izakhiwo ezingama-79, ezingama-72 zifumene ukonzakala, ngabantu abangama-654 abaphuma kumakhaya angama-39 abashiyeke bengenandawo zokufihla intloko. Kusweleke abantu ababini, omnye usweleke kumlilo wesakhiwo eMzimkhulu kwawadi 5, omnye utshone emanzini kwawadi 11, ngaphantsi komasipala wasekuhlaleni iDr. Nkosazana Dlamini-Zuma. Kubekhona neengozi zendlela kumasipala, ezenzeke kwimigwaqo uR56, R612 kunye noR617 kwingingqi yoMasipala wesiThili iHarry Gwala. Uncedo olunikezelwe nguMasipala wesiThili:

- 40 Iingubo
- 27 Iimatrasi
- 11 Amabhokisi oncedo olukhawulezileyo
- 6 Amashiti amaplastiki
- 2 Ukutya kwemingcwabo

ULAWULO LWEENTLEKELE KWAKUNYE NAMAPHULO OKWAZISA NGOKHUSELEKO LOMLILO LWENKOTA YESI-3.

IZiko loLawulo lweNtlekele kuMasipala weSithili saseHarry Gwala liqhube amaphulo okwazisa uluntu ukubethelela inkcubeko yokuphepha iintlekele kunye nokufundisa ngokhuseleko lomlilo kunye nokuchaza inkxaso koomasipala basekhaya kunye namanye amasebe amacandelo ngamaxesha entlekele. Ezi nkqubo zokufundisa uluntu ebezibanjwe kutsha nje bezijolise kuluntu, izikolo, ooceba beewadi nabanye abathathi-nxaxheba ababalulekileyo. ISithili esisebenzisana noomasipala basekhaya siye saqinisa ukuxhotyiswa kwaso kumaBhunga ezeMveli kunye nabanye abachaphazelekayo ababalulekileyo.



Umfanekiso obonisa imigushuzo yezilumkiso zokuhlolwa kwengozi, ulawulo lweentlekele kunye nezilumkiso zokhuseleko kwimililo, nebeziqhutywa kwinyanga yoMdumba neyoKwindla koomasipala basekuhlaleni uMzimkhulu no-Ubuhlebezwe.

UMasipala weSithili saseHarry Gwala kunye nosapho lwakhe loomasipala beningqi baqhubeleka nokubandakanyeka kungenelelo oluqhubekeyo lothintelo nokunciphisa kulawulo lweentlekele. ISithili kunye namaqela avela kumaqela oomasipala basekhaya kufuneka asoloko elindle kwaye ekulungele ukusabela nakweyiphi na intlekele enokuthi ikhokelele ekuphulukaneni nomphefumlo okanye kwipropati kwiSithili.

UMASIPALA WESITHILI IHARRY GWALA UPHUCULA IZAKHONO ZONXIBELELWANO NGOCWEYO



Icandelo lezonxibelelwano lisingathe ucweyo ngempumelelo.

CANDELO lezoNxibelelwano kuMasipala wesiThili iHarry Gwala lisingathe ucweyo lwezonzibelelwano lwabasebenzi beli candelo kutshanje. Iinjongo zolucweyo, nobelubanjwe ngomhla we18 kweyoKwindla 2025, kukuphucula izakhono kwezonzibelelwano, kugxilwe kakhulu kunxibelelwano lwangaphakathi.

Unxibelelwano olusulungekileyo lwangaphakathi lubalulekile kuwo onke amaziko. Lunceda ukuqinisa intsebenziswano, lukhulise umsebenzi, kwaye luqinisekisa ukuba bonke abasebenzi banenjongo enye. Olu cweyo belugxininisa ukubaluleka konxibelelwano lwangaphakathi nokunika abasebenzi izakhono ezibalulekileyo, nolwazi oludingekayo kunxibelelwano olusulungekileyo.

Olu cweyo lube yimpumelelo, nalapho abasebenzi bethabathe inxaxheba ukubuza kwanokuphendula imibuzo kule seshoni. Ukukhuthaza aba basebenzi nokuhlola ukuqonda kwabo, baye banikwa imivuzo yezimuncu-muncu ngokuchana iimpendulo zemibuzo. Le nkqubo incedise ukuqinisekisa ukuba abasebenzi bayamamela kwaye bayalubamba lonke ulwazi ebebelunikwa kolu cweyo.

Olu cweyo luyifezekisile injongo yalo yokuphucula izakhono zonzibelelwano kubasebenzi. Indlela yolu cweyo yengxoxo ibancedisile abasebenzi ukuphuhlisa nokuqonda unxibelelwano lwangaphakathi. Icandelo lezonxibelelwano liceba ukusebenzisa lenkqubo ukuphucula unxibelelwano ngaphakathi kumasipala wonke.

IQUMRHU LABEZONXIBELELWANO KWISITHILI (DCF) IQHUBEKA NOKUBAMBA IINTLANGANISO ZEKOTA

UMTHETHO wolawulo loMasipala u-Act of 1998, kunye nomthetho wolawulo lomasipala u-Act of 2000, umthetho wokufumana ulwazi u-Act of 2000 kunye nomthetho welizwe, umgwaqo siseko woMzantsi Afrika, 1996, ugunyazisa abezonxibelelwano kulawulo lwasemakhaya ukuba kungabikho zimfihlo, kubekhona iimpindulo, bafikeleleke, baphucule ukuzibandakanya ngokukhululekileyo kwaye banxibelelane nabantu kwindlela yabo yokuphucula iimpilo zabo. Le, yimithetho iqumrhu lezonxibelelwano lesiThili iHarry eliqamele ngayo.

Eli qumrhu, elidibana qho ngekota, belibambe intlanganiso yalo ngomhla wesine kweyoKwindla 2025 kwigumbi lebhodi kwisebe lezemililo nohlangulo eBuhlebezwe, ngaphantsi koMasipala wesiThili iHarry Gwala. Iqumrhu lezonxibelelwano lesiThili liphuhlisa ubuhlobo phakathi koomasipala besiThili kunye nabo abasekuhlaleni kwisiThili, lidibanise abezonxibelelwano ukuceba nokuphucula izakhono zonxibelelwano.

Abezonxibelelwano baneqonga apho benika ingxelo kwiqumrhu ngeempumelelo zomasipala wabo, eziphambili, babelane nangendlela yokusebenza.

Le ndibano igxile ekukhuthazeni abantu ukuzibandakanya kwimiba yolawulo yoluntu loMasipala wesiThili iHarry Gwala.

Amagosa amele abaxhasi abaphambili abayinxalenye yaleseshoni abaquka iKomishoni eZimeleyo yoKhetho (IEC), iArhente yokhuseleko loluntu yoMzantsi Afrika (SASSA), iSebe lezeMpilo kunye noCOGTA, baxhase ukusebenza okusulungekileyo lonxibelelwano abalifumeneyo, baze baligqithisele aluntwini ngendlela elungileyo.

Injongo yeli qumrhu kukuqokelela iindaba kunye nolwazi ngethuba, nangendlela eyiyo, ukuze bagqithisele eluntwini. Ezi seshoni zidlala indima ebalulekileyo ukwakha nokuvala izikhewu ngoluhlu lwengxelo ababelana ngayo. Oku kutsho ukuthi iqumrhu liyayihluza ingxelo ngaphambi kokuba liyigqithisele eluntwini.

Uxanduva kukufundisa uluntu ngemithetho, iinkqubo, ukuhanjiswa kweenkonzo kunye neenkqubo zezigaba zontathu zolawulo.

Ezi ntlanganiso zibanjwa rhoqo ngekota kunyaka-mali ukuze kuqokelelwe ulwazi nokwabelana ngeenkqubo ezisunguliweyo zikarhulumente ezibandakanya abahlali boMzantsi Afrika.



Iqumrhu lezonxibelelwano kwisiThili libambe iingxoxo likhuthaza ubuhlobo obuqinile kumasebe karhulumente.



Incutshe yeHarry Gwala District Developmental Model uProfessor Blade Nzimande, owaziwa njengomphathiswa wezobuxhaka-xhaka nempucuko, utyelele uluntu lwesiThili iHarry Gwala e-Amakhuze High School, waqhubeka waya eDlangani High School. Usekela sodolophu weDr Nkosazana Dlamini-Zuma uceba Kholeka Hadebe, nabanye abaphathi abohlukeneyo nabo bazimase lo msitho ohloniphekileyo.

U**BLADE** NZIMANDE U**TYELELA** ISITHILI

INCUTSHE yophuhliso lwesiThili iHarry Gwala, uProfessor Blade Nzimande, okwangumphathiswa wezobuchwepheshe, ubuxhakaxhaka nophuhliso, uqhube inkqubo yotyalelo eBulwer kutshanje. Umphathiswa uqale utyelelo lwakhe e-Amakhuze High School, waqhubeka waya eDlangani High School. Le nkqubo ilandela inkqubo yokubuyela esikolweni ibiqhubeka ebutsheni balo nyaka.

Kule nkqubo yotyalelo, umphathiswa ukhuthaze umdla kwezobuchwepheshe kubafundi abasuka kwizikolo ezikhethiweyo, ngakumbi kwizifundo ezoyamene nezobuchwepheshe.

Umphathiswa ebephelekwe ngusodolophu womasipala wasekuhlaleni iDr Nkosazana Dlamini-Zuma, uceba Kholeka Hadebe, kunye nabanye ooceba nabahlawuli beenkonzo zikamasipala.



UMphathiswa ukhuthaze ulutsha ukuba luzibandakanye kumhlaba wobuxhaka-xhaka nanjengoko sele kusisakhono esiphambili esibalulekileyo kumhlaba wonke. Olu tyelelo lube yimpumelelo nanjengoko ulutsha luqhubeka ukufunda nokuzibandakanya kulamaqonga, nalapho iinkokheli zifundisa nokunika ingxelo ebalulekileyo kuluntu ngokubanzi.

KUSUNGULWA INKQUBO KA-IEC YEVEKI YOKUFUNDISA NGENTANDO YESININZI

KOMISHONI yokhetho ezimeleyo (IEC) yoMzantsi Afrika isungule inkqubo yeveki yenkululeko yezikolo 2025, eDaniel Mzamo Special School ngaphantsi komasipala wasekuhlaleni uBuhlebezwe kisiThili iHarry Gwala kutshanje. I-IEC ibambisene neSebe lezeMfundo ukufaka ukufundiswa ngenkululeko kwizifundo zesikolo.

Usodolophu woMasipala wesiThili iHarry Gwala uceba Zamo Nxumalo, usonwabele esi simemo. Usodolophu wabelene okuninzi nabafundi: “Kubalulekile ukusebenzisa ilungelo lakho lokuvota ukuqinisekisa ukuba lo mhlaba ophila kuwo, amaqhawe alwela inkululeko ayisebenzela nzima, kwimihla apho imfundo yayinqabile, qinisekisa ukuba usebenzisa zonke izixhobo zokufunda esikolweni sakho ukuze ubenekamva eliqaqambileyo,” utshilo usodolophu Nxumalo.

Injongo yemiba yengxoxo yanamhlanje kukunika ulwazi olunzulu lwenkululeko yokhetho nokubaluleka kokuzibandakanya kolutsha kwinkqubo yokhetho. Ukufaka izifundo zenkululeko yoluntu kwizifundo zesikolo. Injongo yosuku kukufundisa abantu abatsha ngokuvota nokubhalisa, kugxilwe kulutsha nezikolo.

Zilishumi nane izikolo ezibe yinxalenye yezingxoxo:

1. Daniel Mzamo Special School
2. Buthathubunye High School
3. Impiyamandla High School
4. Kwathathani High School
5. Hlokozi High School
6. Lusibalukhulu High School
7. Thubalemfundo High School
8. Impunga High School
9. Ixopo Village Intermediate School
10. Mariathal Combined School
11. Little Flower Combined School
12. Ixopo High School
13. Ndela High School
14. Luswazi High School.



Usodolophu woMasipala wesiThili iHarry Gwala uceba Zamo Nxumalo, uncokole ngemfudumalo ixesha apho uMzantsi Afrika ubusokola ulwela inkululeko yelizwe. Uqhubeke wabhongoza ukubaluleka kokuzibandakanya koluntu kwezopolitiko.



Ikomishoni yezokhetho ezimeleyo (IEC) yoMzantsi Afrika ibambisene nesebe lezemfundo, isungule inkqubo yeveki yokufundisa ngentando yesininzi esikolweni, eDaniel Mzamo Special School, ngaphantsi komasipala wasekuhlaleni uBuhlebezwe, engaphantsi kwesiThili iHarry Gwala. Le nkqubo ifundisa ulutsha noluntu ngentando yesininzi nokusebenzisa ilungelo labo lokuvota.

UCWEYO LWEZICWANGCISO ZENGOZI: ICANDELO LESITHILI IHARRY GWALA LOCWANGCISO LOHLOLO LOLAWULO LWENGOZI



Icandelo lolawulo lwengozi loMasipala wesiThili iHarry Gwala lisingathe iseshoni yokuhlolwa kwengozi, nabaphathi besiThili kunye namalungu e-EXCO. Le seshoni igxile ekuqapheleni izinto eziyingozi ezingaphazamisa ukusebenza komasipala. Iinkokheli zesiThili, kuquka, usodolophu woMasipala wesiThili iHarry Gwala, uceba Zamo Nxumalo, usekela sodolophu uceba Nosisa Jojozi, usomlomo uceba Sibongiseni Mdunge namanye amalungu ebhunga awayinxalenye yekomiti yolawulo yesiThili, ebeyinxalenye yezingxoxo ezibalulekileyo. Apho kwabelwana ngolwazi olubalulekileyo kumasebe onke omasipala. Le ntlanganiso ifundisa ukhuseleko, iimpendulo kunye noxanduva kumazinga onke olawulo, lugcina bonke abasebenzi bekhuthele kwaye bephambili ngenyathelo.

ICANDELO loMasipala wesiThili iHarry Gwala locwangciso lohlolo lolawulo lwengozi lisingathe iseshoni yabaphathi besiThili kunye namalungu e-EXCO yocwangciso lohlolo lwengozi, kutshanje.

Le seshoni, nebibanjelwe ePremier Resort eSani Pass, e-Underberg, ixoxe, yaphonononga iingozi isiThili esinokujamelana nazo, ukuze iqinisekise ukuba bathabatha amanyathelo afalekileyo.

Ebebezimase olu cweyo ngusodolophu wesiThili uceba Z. D. Nxumalo, usekela sodolophu uceba N. T.

Jojozi, usomlomo uceba S. Mdunge kunye nabanye ooceba abangamalungu ekomiti yolawulo yesiThili (EXCO). Umphathi womasipala uMnu. G. M. Sineke kunye nolawulo, nabo bebezimase le seshoni. Eminye yemiba ekuxoxwe ngayo iquka ummba wezigwangciso zohlolo lwengozi, ukuchongwa kwezicwangciso zohlolo lwengozi. Esinye isizathu esibalulekileyo sale seshoni kukuqinisekisa ukuba ezi ngozi aziphazamisi isiThili ukufezekisa iinjongo zazo, okunokuthi kuphazamise ukuhanjiswa kweenkonzo.

UMPHATHISWA WOPHUHLISO LOLUNTU, OHLONIPHEKILEYO UMBALI SHINGA UNIKEZELA NGEZIQINISEKISI KULUTSHA OLUNGAMA-71 KWISITHILI IHARRY GWALA

Uphuhliso loLutsha ngeeNkqubo zoPhuhliso lweZakhono



Ngomhla wesithandathu kweyoKwindla isiThili iHarry Gwala sibhiyozele izithwalandwe ezingama71, eziphothule izifundo kwinkqubo yophuhliso lwezakhono, iziqinisekisi ezingama71 zinikezelwe ngokubawonga ngalempumelelo. Umphathiswa wesebe lophuhliso loluntu KwaZulu-Natal uMbali Shinga, ubambisene nesebe lezolimo nophuhliso lwasemakhaya. Umphathiswa wophuhliso loluntu uMbali Shinga uzimase lomsitho waze wancoma ulutsha ngokuphumelela nokufumana izakhono ezintsha. Usekela sodolophu wesiThili iHarry Gwala uceba Nosisa Jojozi naye ebezimase lo msitho. Uceba Nosisa Jojozi naye uluncomile olu lutsha, ekwalukhuthaza ukuba lungaphel' imandla.

BEKUYIMINCILI yodwa eSoweto Hall e-Ixopo kutshanje, ngethuba oHloniphekileyo umphathiswa woPhuhliso Loluntu KwaZulu-Natal, uMbali Shinga, enikezela ngeziqinisekisi ezingama71 kulutsha olugqibe inkqubo yophuhliso lwezakhono kwisiThili iHarry Gwala. Injongo yale nkqubo, apho isiThili iHarry Gwala besibambisene neSebe Lophuhliso Loluntu KwaZulu-Natal, iSebe leZolimo noPhuhliso lwaseMakhaya, kunye namaqumrhu abucala axhasayo, kukuxhobisa ulutsha ngezakhono ezizakuncedisa ukuba baqesheke.

Ebebezimase lo msitho nguSekela Sodolophu wesiThili uceba Nosisa Jojozi, uSomlomo wesiThili uceba Sibongiseni Mdunge, kunye noHloniphekileyo uSodolophu woMasipala waseKuhloleni uBuhlebezwe uceba E. B. Ngubo. USekela Sodolophu uceba Nosisa

Jojozi uncome impumelelo yesiThili, ekwavuma negalelo elihle leSebe loPhuhliso Loluntu ngale nkqubo. “Inkxaso iqala ekhaya, kwaye kuyonwabisa ukubona impumelelo yesiThili,” utshilo uSomlomo.

UMphathiswa Mbali Shinga uncome izithwalandwe, egxininisa ukubaluleka kophuhliso lwezakhono kunye noqeqesho njengesifungo sanaphakhade. “Ezi nkqubo ziphuhlisa ulutsha ngokuzisa ithemba lotshintsho kuluntu lwalo,” utshilo.

Inkqubo yophuhliso lwezakhono ihambisana necebo lophuhliso lwesiThili, olugxile kuphuhliso lwezakhono, ingakumbi kulutsha olusuka kumakhaya angathathintweni, ngokubancedisa ngezakhono ezohlukeneyo. Le nkqubo ibonakalisa ukuzinikezela kwesiThili kuphuhliso lolutsha, nokunika isizukulwana ezisayo ikamva eliqaqambileyo.

IMBIZO YENKULUMBUSO YOKULWA NOLWAPHULO-MTHETHO EBANJELWE EMZIMKHULU NGAPHANTSI KOMASIPALA WESIHLI IHARRY GWALA



Ulwaphulo mthetho luyaqhubeka ukuxhalabisa uluntu kwilizwe lonke. Ngaphantsi kwesiThili iHarry Gwala, umasipala wasekuhlaleni uMzimkhulu ubambe iingxoxo ezinzulu noluntu. Abazimase ezi ngxoxo ibiyiNkulumbuso yaKwaZulu-Natal uThamsanqa Ntuli nogxa wakhe kwiphondo le-KZN, besebenzisana noMasipala wesiThili iHarry Gwala, ebimelwe ngusodolophu wesiThili uceba Zamo Nxumalo, kunye nosodolophu womasipala wasekuhlaleni uMzimkhulu uceba Jabu Msiya. Lo msitho ubugxile kwizimvo neziphakamiso zokulwa nolwaphulo mthetho eMzimkhulu. Iinkqubo zokulwa nolwaphulo mthetho zigxile kwiinzame zamathuba, nokukhuthaza ukuncipha kolwaphulo mthetho.

UKULWA nentlobo zonke zolwaphulo-mthetho kancinci-kancinci... lowo ngumyalezo obuphambili kwImbizo yeNkulumbuso yokulwa nolwaphulo-mthetho, nebibanjelwe Esayidi TVET College ngaphantsi koMzimkhulu.

Le Mbizo ibikhokhelwe yiNkulumbuso yaKwaZulu-Natal, ohloniphekileyo uThamsanqa Ntuli, ebambisene noMasipala wesiThili iHarry Gwala, ngesikhokhelo sikasodolophu, ohloniphekileyo uceba Zamo Nxumalo, inike iqonga elibalulekileyo kuluntu lomasipala wasekuhlaleni, kunye nabo abahambe umgama omde besuka koomasipala baseHarry Gwala, ukuzoveza imiceli mngeni yabo kuMphathiswa ngokwenyuka kolwaphulo-mthetho kule ngingqi.

Injongo yale Mbizo ibikuthetha noluntu nokumamela izimvo kunye neziphakamiso zalo kwidabi



lokulwa nolwaphulo-mthetho kwindawo yaseMzimkhulu, nanjengoko kukhona iingxelo ezininzi zokwebiwa kwemfuyo, ukuxhonyiswa kumashishini, ukugqezwa emizini, nokuxhatshazwa ngokwesini.

Usodolophu woMasipala wesiThili



iHarry Gwala uceba Zamo Nxumalo, esenza intetho yakhe yokwamkela, uncome iNkulumbuso ngolu tyelelo, wabongoza uluntu ukuba ludlale indima ukulwa nolwaphulo-mthetho, “sisonke singazisa uxolo ekuhlaleni kwaye kuluxanduva lomntu ngamnye ukwenza indawo ibesempilweni kwaye ikhuseleke.”

Uceba Zamo Nxumalo uvule iqonga labahlali besiThili iHarry Gwala kunye noomasipala basekuhlaleni ngaphantsi wesiThili. Injongo kukulwa nolwaphulo mthetho macala onke. Uceba Zamo Nxumalo uncome unkulumbuso Thamsanqa Ntuli ngokuzimasa ezi ngxoxo zokulumkisa nokulwa nolwaphulo mthetho.



Umphathiswa “uxhuma” isikolo esisezilalini kumhlaba wobuxhakaxhaka



IsiThili iHarry Gwala besimasekile bubukho bomphathiswa wesebe lezonxibelelwano nobuxhaka-xhaka uSolly Malatsi. Usigcinile isithembiso sakhe akasenze kunyaka ophelileyo, izixhobo zezakhono ePholela Special School, ukuze abafundi babeyinxalenye yexesha lobuxhaka-xhaka bale mihla.



Usekela sodolophu woMasipala wesiThili iHarry Gwala uceba Nosisa Jojozi, wazise ngokusesikweni umphathiswa kweli theko lalenkonzo kwesi sikolo.



Amagumbi obuxhaka-xhaka okhelwe ukuphuhlisa abafundi nokubaxhobisa ngolwazi nezakhono zale mihla.

INGXAKI zenetwork engekhonele zizakuphela ePholile Special School, kumasipala wasekuhlaleni iDr Nkosanaza Dlamini-Zuma, nanjengoko umphathiswa wesebe lezonxibelelwano nobuxhakaxhaka uMnu. Solly Malatsi, egcine isithembiso sakhe sokuphelisa imiceli mngeni yenetwork kwesi sikolo.

Umphathiswa wenza esi sithembiso kwinyanga YoMsintsi kunyaka ophelileyo, emva kokuba esi sikolo sixele ukuba sinomceli mngeni wokungakwazi ukusebenzisa i-internet ngenxa ye-signal engekho.

Oku kungabikho kwe-network kube ngunobangela wokusilela kwizifundo kwesi sikolo.

Yinto eyaziwayo ukuba ihlabathi lonke liyaguquka kwindlela yokwabelana ngolwazi, nalapho sekusetyenziswa ubuxhakaxhaka bale mihla obudinga i-internet kunye ne-network.

Efezekisa isithembiso sakhe, umphathiswa uzise izixhobo ze-internet ze wafakela igumbi lee-computer ne-signal ye-internet ekhawulezayo.

Usekela sodolophu woMasipala wesiThili iHarry Gwala, uceba Nosisa Jojozi wazise umphathiswa ngokusesikweni, enemincili ngokusungulwa kwale nkonzo

kwesi sikolo.

Usekela sodolophu wenze umbulelo naku-SITA ngokunikela ngeli gumbi leecomputer.

Uthe, umphathiswa ufezekise isithembiso sakhe kungaphelanga neenyanga ezilishumi nambini.

Ukwathe, kuyabakhuthaza ukubona ukuba abalawuli bezopolitiko bazihoyile iindawo zasezilalini ezinemiceli mngeni yokuxhuma kwi-internet, ngelishesha ledabi lesine lempucuko, apho kusetyenziswa ubuxhakaxhaka bale mihla, nobunika ulutsha amathuba olwazi lokuqhubeka eluntwini.

UMalatsi uthe, unemincili ngokubuyela kwakhe kwesi sikolo ukuzosungula eligumbi lobuxhakaxhaka.

“Besilapha kunyaka ophelile, ngoku sibuyile kwakhona ukuzosungula eli gumbi lobuxhakaxhaka elibalulekileyo, nelizakuncedisa abafundi kwizidingo zabo ezikhethekileyo. Sifuna ukuba babenezakhono bakwazi nokuzimela empilweni, sifuna babe ziingcaphephe zobuxhakaxhaka bale mihla kunye nezifundo ezihambelana nazo,” utshilo umphathiswa Malatsi. Njengexalenye yolu sungulo, umphathiswa kunye nosekelo sodolophu batyale imithi kwesi sikolo ngaphambi kwethoko.



UMASIPALA WESITHILI IHARRY GWALA USINGATHE **IMIDLALO YOKUQALA YANGAPHAKATHI**

UMASIPALA wesiThili iHarry Gwala usingathe imidlalo yangaphakathi kumabala i-Ixopo Turf kutshanje, ukukhuthaza intsebenziswano, ubumbano, nobuhlobo kubasebenzi bawo. Lo msitho, nobe yimpumelelo enkulu, ubukhokhelwa licandelo leMpilo noKhuseleko ngaphantsi kweSebe leeNkonzo Zabasebenzi, ngokudibanisa amacandelo amasebe ohlukeneyo kusuku olonwabisayo lokhuphiswano lobuhlobo.

Le midlalo ibiquka imidlalo eyohlukeneyo, kuquka ivolleyball, ibhola yomnyazi, ibhola ekhatywayo kunye neminye imidlalo yesintu. Isebe lezezimali liphume emagqabini, lazithatha zonathathu iimbasa,

kwivolleyball, netball kunye nemidlalo yesintu. Le nkqubo ikhulise ubumbano, yaphucula ukuzithemba kubasebenzi, nekufezekise iinjongo zomasipala zokwakha ukusebenzisana kunye nomoya omhle emsebenzini. Iinzame zikaMasipala zokwakha umoya omhle emsebenzini ziyabonakala kwiinkqubo ezohlukeneyo ezisingathwe ngumasipala kwiminyaka egqithile.

Impumelelo yalemidlalo yangaphakathi ibubungqina bokuzinikezela kukamasipala kwiimpilo nophuhliso lwabasebenzi bawo. Umasipala weHarry Gwala wenze umbulelo kubo bonke abasebenzi abathabathe inxaxheba ngokwenza olu suku lube yimpumelelo, ubonge nakwi qela labalawuli ngenkxaso yabo.



Ngomhla wama26 kweyoMdumba 2025 imidlalo yamasebe angaphakathi, nekhuthaza intsebenziswano nomanyano, ibe yimpumelelo enkulu. Le midlalo bubungqina bokuzinikezela komasipala kwimpilo entle nophuhliso lwabasebenzi.



Abasebenzi abonwabileyo basempilweni, basoloko besebenza kakuhle kwaye balindele ukwenza nowuphi na umsebenzi abawunikwayo. Umasipala uthabathe igxathu lokujongana nempilo yabasebenzi, nokubanika ithuba lokuphumla nokuzivuselela.



XHUMANANA NATHI

Idilesi Yendawo:
40 Main Street, Ixopo, 3276

Idilesi yeposi:
Private Bag X501, Ixopo, 3276

Umnxeba: (039) 834 8700

Ifeksi: (039) 834 1701

Ukuphathwa kwamakhasinde: 0860 103 651



Harry Gwala District Municipality



@harrygwala



@harrygwala

www.harrygwalam.gov.za